

DOCUMENT SUPPLY

National Library of South Africa

P. O Box 397

Pretoria

0001

South Africa

Please note the following:



This is the best available copy



This article is very tightly bound



Some pages within the original article, are advertisements and have therefore not been sent
Advertisement pages:



Some pages within the original are blank and have therefore not been sent
Blank Pages:



The article you require, is on different pages to those that you have quoted



Copyright violation

National Library of South Africa Copyright Warning

The Law on Copyright, 1978, regulates the production of photocopies or other reproductions of material subject to copyright.

According to the stipulations of the Law, libraries and archives are authorized to supply photocopies and other reproductions.

According to one of the stipulations of the Law, photocopies or reproductions, may however, not be used for any other purpose than that of private study, personal or private use.

Should a user request, or later make use of a photocopy or reproduction, for purposes not allowed by the Law, the user may be held liable for the infringement of copyright.

This Institution reserves the right to refuse any order for a copy, should the execution of the order, in the opinion of the Institution, lead to the violation of the Law.

STATUS
Considering 01/17/2022
SOURCE
WSILL
BORROWER
OI@
LENDERS
*XS@

TYPE
Copy
REQUEST DATE
01/17/2022
RECEIVE DATE

OCLC #
30990433
NEED BEFORE
01/27/2022



211612867

DUE DATE

BIBLIOGRAPHIC INFORMATION

LOCAL ID
AUTHOR Mqhayi, Samuel Edward Krune

ARTICLE AUTHOR

TITLE I-nzuzo

ARTICLE TITLE

IMPRINT Johannesburg : University of the Witwatersrand
Press, 1942.

FORMAT Book

EDITION

VOLUME

NUMBER

DATE

PAGES all pages please

ISBN

SERIES NOTE Bantu treasury ;, 7

INTERLIBRARY LOAN INFORMATION

ALERT

AFFILIATION Calico

COPYRIGHT US:CCG

VERIFIED WorldCat (30990433) Physical Description: viii, 96

MAX COST OCLC IFM - 140.00 ZAR

SHIPPED DATE 01/17/2022

FAX NUMBER +21 6503113

EMAIL ill@uct.ac.za

LEND CHARGES

LEND RESTRICTIONS

BORROWER NOTES Article Exchange or Email or Mail as applicable

ODYSSEY

ARIEL FTP

ARIEL EMAIL

BILL TO Interlibrary Loans Dept (Main Library)
UCT Libraries, University of Cape Town
Private Bag X3, Rondebosch
Cape Town, ZA 7701

SHIPPING INFORMATION

SHIP VIA Article Exchange / Email / Mail

RETURN VIA Library Mail

SHIP TO Interlibrary Loans Dept (Main Library)
UCT Libraries, University of Cape Town
Private Bag X3, Rondebosch
Cape Town, ZA 7701

RETURN TO
, US

18/01/2022
MM

The Bantu Treasury

*Edited by D. T. Cole
(formerly by C. M. Doke)*

VII

INZUZO

(Xhosa Poems, "Things Rare and Profitable," by S. E. K. Mqhayi)

*(First published 1943; Reprinted 1948;
Reprinted in New Orthography 1957)*

IMBULAMBETHE

UMnumzana lo, uMqhayi, uyindoda ebalulekileyo kuluhle (cwambu) lwama-Afrika angawo, nachubekileyo, kwaye kumzuzu eyinkokeli ebuzweni. Kwiziusa zama-Afrika, kubo bonke ububanzi belilizwe kusoloko kufuneka ekho, ambethe umnweba wezingwe ofaneleke kunene, njengokuba ubona nje kulowa mfanekiso mhle kakhulu usekuqaleni, ozotywe wona ngokwawo lelinye ichule lom-Afrika. Kusakuthi ke ngemihla emikhulu enjalo, zidume zidumile izihlwele eziziphulaphulayo izibongo zakhe azenzayo, zizincoma,—ize ibuye ibe kwanjalo into yokuthiya kwakhe amagama afanelekileyo, namilileyo, kwizikhulu (ezimhlophe) ezithe zaphambili kwezo ngqungquthela.

Ngakwicala lobubhali beencwadi; incwadi yakhe ekuthiwa li "Tyala lamaWele," yona itsho igama lakhe langu-Ndabamlonyeni phakathi kwelizwe nesizwe, abe yena ngokwakhe edume ngelokuba uyiMbongi yeSizwe sakowabo jikelele.

Akukho nto ke ngoko ingafaneleka njengokuba ithi leyo mveliso yaloo ngqondo ityebe kunene, ifumane indawo kule "Ndyabo kaNtu" (Bantu Treasury). Lencwadana ke iyakuba ngumongezo owamkeleke kunene kolo luhlu; kuba kuyo apho, njengoko baya kuvuya abamlandelayo yiloonto, kuqokelelwe kwakhethwa izibongo ngezibongo zakhe abekade ezenza iminyaka ngeminyaka.

Kundonwabise kakhulu ukuba ndibe nethuba nam lokuba ndiyiyaleze lencwadana kubo bonke abanononelelo lweencwadi zesiXhosa.

ROBERT GODFREY.

EQonce (King William's Town).

Aug. 21, 1942.

ISALATHISO.

<i>I Izabelo</i>	<i>Iphepha</i>
Inyaniso	1
Ithemba	2
Ukholo	3
Uthando	4
Ilizwi	4
Abazalanayo	6
Intliziyo umKhohlisi	6
Ndicela Uxolo Intliziyo	8
Esinaleni—Ekhaya	10
IKresimesi ka-1928	12
IKresimesi ka-1934	15
" NguYesu "	18
Umqondiso	20
<i>II Izibongo ezingokufa nokuthwasa komnyaka</i>	
Umnnyaka Omtsha, 1915	23
" 1929 "	24
U-1931 no-1932	20
<i>III Izibongo ezingaBafi bethu</i>	
Ukufa (Mfu. S. Kakaza, Mnu. P. Ntsiko, Mfu. C. Ngxwana, Mfu. A. Magabela)	30
Umfi UmHlekazi Seciso Griffith, 1941	35
Umfikazi uCharlotte Manyhi Maxeke	37
Umfi Umfundisi John Solilo	38
UTebha (Harry Taberer)	41
Umfi Umfu. S. Petrus Sihlali	44
EDikeni (James Gray, M.A., Maya Khoboka, James Chalmers, M.A., B.Sc., Major W. L. Geddes, O.B.E.)	48
Aa, Lusingasinga ! (Dr. W. G. Bennie)	49
Umfi uGil. Tyamzashe	

<i>IV Izibongo ngabawele iitwandle</i>	<i>Iphepha</i>
Ingqungquthela yeZizwe (UJohn Thengo Jabavu,	50
UMafukuzela (UDr. J. L. Dube)	51
UmkaJohn Knox Bhokhwe	53
UNkosazana Minah Thembeke	57
<i>V Ingqokelela</i>	
Aa, Zweliyazuza !	59
Imbutho yakwa Bhulayi	61
Ukukhutshwa kweSuthu eKholejini	66
"Thaba Nchu"	71
"Thaba Bosiu"	73
ESandlwana	76
Amagama oMcebisi	79
Umkhosi wemiDaka II	83
"Umthetheli waBantu"	85
UMnga	88
Uphunguphungu	91
UJujuju kwelakwaNyawuza	92
UProfesa C. M. Doke	94

I. IZABELO

INYANISO

Siphe Nkosi inyaniso,
Sikukhonze ngayo ;
Usinike indumiso,
Sikubonge ngayo.

Sokhululwa yinyaniso,
Ebukhobokeni ;
Siluchith' umfanekiso,
Emiphefumleni.

Iphelile inyaniso
Apha emhlabeni ;
Sekuzalis' inkohliso
Yodwa elizweni.

Kukh' abathi Nkosi Nkosi !
Bengenanyaniso.
Uyinkosi yemikhosi
Wen' uyiNyaniso.

Kukhw' abalahlekileyo,
Beshiy' inyaniso ;
Nabalahlekisiweyo
Bamkel' inkohliso.

Wena Nkos' unguSomandla,
Qinis' inyaniso ;
Nik' amaKristu amandla,
Amel' inyaniso.

Kwezi mini zokuphela,
Mayivuselelwe ;
Kwimihla yokugqibela,
Ilangazelelwe.

ITHEMBA

Singenzani-n' emhlabeni,
Sizuzeni n' elizweni,
Xa singenalo ithemba,
Intsusa yokusebenza ?

Singakwenza-n' ukulima,
Sikuyeke ukulila,
Singayifuya-n' imfuyo,
Xa ithemba lingekhoyo !

Singaluthatha-n' uhambo,
Lwemilambo ngemilambo !
Singabondla-n' abantwana,
Sibasusa kuSathana ?

Wakufelwa nangowakho
Ife intliziyo yakho ;
Uli' uzenzakalise,—
Nomphefumlo uwufise.

Singaya-na eNkosini,
Ehleliyo ebomini ?
Inye nje indlela yayo,
Ikukuthemb' amandl' aYo ?

Yen' omzimb' udiniweyo,
Ontliziyo ityhafileyo,
Omoy' udakumbileyo,
Akanje-na ngofileyo ?

Makafundiswe ithemba,
Aphakanyiswe lithemba,
Limhambisele phambili,
Limngenise ezulwini.

Le nt' ithemba iyinzulu,
Kwezomhlaba kwezezulu ;
Ongenathemba ufile ;—
Siph' ithemba 'ze siphile.

UKHOLO

Sihamba ngenkolo, sixel' amanyange,
Oyis' iinjubaqa, oyis' izihange ;
Oyis' okumkani, oyisa izizwe ;
Oyis' ihlabathi, oyisa ilizwe.

Sihamba ngenkolo, sidiliz' iindonga,
Singenazixhobo, singenazintonga,
Sideleke kanye singenaw' amandla,—
Sithemb' iKomkhulu, iNkos' uSomandla.

Sihamba ngenkolo, iyinkoloseko ;
Lithemba lezinto czengqiniseko ;
Soyiswa bubukho bezingabonwayo,
Sime sikhali phe ngokungabuzwayo.

Siyamgxoth' umTyholi nezithunywa zakhe ;
Samkel' uMesiya nemikhosi yakhe ;
Siboph' iintliziyo ezaphukileyo,—
Kwanemikhuhlane encamekileyo.

Sihamba ngenkolo, sicim' imililo.
Zithi ncengonyama zivalw' imilomo,
Kukh' osemva kwethu Onamandla onke,—
NgumDali, ngamEnzi waz' izinto zonke.

Sihamba ngenkolo kumaz' alomhlaba,
Sincede Somandla qinis' olo daba !
Zikholwe izizwe zingathandabuzi,—
Adunyisw' uYise, uBaw' umHlekazi !

UTHANDO

Uthando, uthando yimfano kaThixo!
 UThixo ngokwakh' uluthando;
 Masiluphuthume uthando loThixo,
 Singenalo asinto yanto.

Uthando, uthando aluze lutshitshe,
 Lukhazimla lubengezela;
 Aluze lubune aluze khe lutshe,
 Ngamafuth' okuthamsangela.

Uthando, uthando lon' alunamsindo,
 Luhleli luzel' ububele.
 Lon' alucaphuki, lon' alunanzondo,
 Luthi, "yizani ndinamkele."

Uthando, uthando lukwayinyaniso,
 Uthando lon' alunamona;
 Luhamba luchitha izixakaniso,
 Lukholwa ziinto zonke lona!

UThixo luthando! UThixo luthando!
 Bazalwana masithandane!
 Amandla kaThixo oyisa ngothando,
 Ngoko thina masithandaze.

Sincece Smandla siphe nath' uthando,
 Siph' uthando lobuzalwana,
 Sibamb' umtheth' omtsha wophawu lothando,
 Sihlale thina sirhandana.

ILIZWI

Lihambisen' ilizwi!
 Nina balivileyo;
 Ilizwi lokhululo,
 Lenzeni lihlokome;

Laziwe ezizweni;
 Laziwe nazintlanga;
 Adunyiswe uYesu;
 Ihamb' inqwelo Yakhe.

Ligqithisen' ilizwi!
 Nina balamkeleyo;
 INkosi yatsho kuni,
 Yathi, "Lihambiseni!"
 Iindawo ezimnyama
 Libe sisikhanyiso;
 Apho kubolileyo
 Lona libe yityuwa.

Lifundisen' ilizwi!
 Nina bakholiweyo;
 Kwabasebudengeni,
 Malibe bubulumko;
 Butyebi kumahlwempu;
 Impilo kwimilwelwe;
 Malibe yinkululo,
 Kumakhobok' esono.

Lihambisen' ilizwi!
 Mabandla omHlekazi;
 Kude kube yimini,
 Yomvuzo wenu omhle;
 Akhanyelw' amaxeba
 Ziphiliswe neenduma,
 Ningen' eluyolweni,
 Olo lwenkosi yenu.

ABAZALANAYO

Lunentsikélélw' enkulu;
 Nethamsanqa elikhulu;
 Usapho oluvanayo;
 Usaph' oluthandanayo;
 Luyabukek' emhlabeni;
 Luxatyisiw' ezizweni;
 Lungumzekel' eluntwini;
 Luyathandwa ezulwini.

Lububungwalisa bonke;
 Kwanjengal' izulu lonke;
 Usapho lomlibo omnye,—
 Lubukana omnye nomnye.

NjengoMarta noMariya,
 EBhetani kwelokhaya,—
 Belithandwa nanguYesu;
 Eziphumza kul' uYesu.

Siph' amandla Sozibele,
 Okwenzelan' ububele;
 Ekuguleni songane,—
 Ekufeni singcwabane.

INTLIZIYO UMKHOHLISI

"Intliziyo ineNkohliso"

Ungumkhohlisi ntliziyo!
 Ungumkhohlisi kwakanye;
 Akuzang'uthethe ntonye,
 Ungumntu wembaxambaxa,
 Unent'apha yesazela,—
 Ukwanakho nokuzindla.

Ungumkhohlisi ntliziyo!
 Abant'ab'ubagqibile,
 Ubashiyise iindawo;
 Balahl'amakhaya abo,
 Wabashiya eBhakubha!
 Kwilizwe lakwaMtulwana.

Ungumkhohlisi ntliziyo!
 Akwazani nanyaniso;
 Kad'uxokis' amaxhego,
 Kunye namaxhegwazana;
 Uthi, "Nisengumlisela,—
 Nomthinjazan' ozibhungu."

Ungumkhohlisi ntliziyo!
 Ungumfo wokuxelelwa;
 Kad'uqengqa izigede,—
 Kad' uphalaz' iinyembezi
 Uhamba nje uncemfele;
 Nezigcume zamangcwaba.

Ungumkhohlisi ntliziyo!
 Ndikhe ndema ndikumela,
 Ndajinga ndikubuzela,
 Kwizilumko nakwiingqondi,
 Zitsho, zatsho ndakuncama—
 Ndikufumen' ungumgwetywa.

Ungumkhohlisi ntliziyo!
 Zitsho kome neziBhalo;
 Zith'uyimfixi yethombo,—
 Eliphum' iintlobontlobo.
 Zith' ozinikela kuwe,
 'Lifa lakwaNtshabalalo.

Ungumkhohlisi ntliziyo !
 Nditsho ndibhula nezandla !
 Uluhaya, ululwandle,
 Ungusiziba yeyela ;
 Umnt'ophika nentliziyo,—
 NguYeha-ke Mncanyelweni !
 Ungumkhohlisi ntliziyo !
 Mandiyeke, mandipheze,—
 Akumntu waluphalayo,
 Namntu woyisakalayo,
 Kunjaloni' uzimisele,—
 Ukukhohlisi' umntu wakho !

NDICELA UXOLO NTLIZIYO

(a)

Ndicel' uxolo ntliziyo,
 Ndicel' itaru ndivile !
 Imithambo nemisipha,
 Kunye neentsinga zomzimba ;
 Ukunkcenkceza kwegazi,—
 Ndisidenge andazi nto.
 Ndicel' uxolo ntliziyo !
 Ndiyayiv' indod' inconywa.
 Kuthiw' " Ayinantliziyo ! "
 Andikwalilo nagqira !
 Ndicel' uxolo ntliziyo !
 Ndiyapheza ndiyayeka.
 Ngamana wasikelelwa
 Nguy' umDali weentliziyo,
 Zisikelelwe neengqondo,—
 Sibe naz' iintlok' ezintle.
 Isikelelw' iAfrika,—
 Kuphakam' uphondo lwayo !

(b)

Ndicel' uxolo ntliziyo !
 Ngoko ndath' ungumkhohlisi !
 Ndandilandel' iziBhalo ;
 Nezilumko ezikhulu ;
 Ezithetha kom' amathe,
 Zitsho kungamili nengca.
 Ndicel' uxolo ntliziyo !
 Ndiva kungxol' uYangxola,
 Ngokwamanz' engxangxasi ;
 Isikhulu sakwaMhlandla,—
 SakwaNtswentswe kwaQhanqolo
 Iint' ezingadliwa ntloko.

Ndicel' uxolo ntliziyo !
 Yen' uneentsuku kunam ;
 Yen' ungumphathi-ntliziyo,—
 Zamadoda nabafazi,
 Zomlisela nomthinjana,
 Kwakunye nezabantwana.

Ndicel' uxolo ntliziyo !
 Lomnt' ukwangumbingeleli,
 Ngumnyusi weziqhumiso,
 Eziphum' entliziyyweni,
 Ungumfundi weziBhalo,—
 Atyhil' iimfihlelo zazo.

Ndicel' uxolo ntliziyo !
 Uth' ibiphi-na ingqondo,
 Xa ikhohlisay' intliziyo ?
 Uth' eli wonga analo,—
 Ulincedwe yintliziyo,
 Yena em' enyanisweni.

Ndicel' uxolo ntliziyo !
 Uthethil' umBingelesi,—
 Wakuhlamba wakuncoma,
 Watsho waqengq' izigede,—
 Wathi uyoyisakala,—
 Kunjalong' uyaluphala.

Ndicel' uxolo ntliziyo !
 Andazi nto ndisidenge,—
 Iingcamango neengcingane ;
 Ubuchopho nentliziyo ;
 Okwengqondo nobulumko ;
 Okwentloko nesifuba.

ESINALENI—EKHAYA

Esinaleni

Sendikhumbul' isinala
 Phofu ndiyafik' ekhaya ;
 Ayingebi loo nto bethu izintloni ?
 Kambe ndikhulele khona ;
 Ndasiwa ndimncinci khona.

Sendikhumbul' isinala !
 Ukusithela lityala ;
 Kanti aph' ekhaya ndenza oni noni ;
 Balaph' obhuti nosisi,
 Ndikhumbul' abafundisi.

Sendikhumbul' isinala !
 Ndikwezona zidinala,
 Ndide ndibizwe nangeziteketiso,
 Kodwa hay' esinaleni !
 Kumnand' aph' esinaleni !!

Ndiyay' khumbul' isinala !
 Ndikotata nakomama ;
 Ndingqongwe ziintwanazana zakokwethu ;
 Ndonwabile kunye nazo ;
 Neenjana, neekati zazo.

Ndikhumbul' isinala !
 Ngaloo nto ndakuxolelwa ;
 Andicukuceze khaya nabazali,
 Nazikari namahashe,
 Nakunconywa ngabuncutshe.

Ndikhumbul' isinala !
 Le holid' iyalibala ;
 Ndiyalonwabisa nalo lonk' ikhaya,—
 'De konwabe nomelwano,
 Uxolo kwanovelwano.

Ekhaya

Ndikhumbul' ikhaya !
 Noko bendiz' emfundweni,
 Andidele nto ndizifundiswayo,
 Ndicinga ngekhaya,—
 Kwakh' ! Ewe, ngekhaya !

Ndikhumbul' ikhaya !
 Noko sendiseskolweni ;
 Batsho bade bophel' abafundisi
 'Tyab' elaa tholana !
 Nelaa takanana !

Ndikhumbul' ikhaya !
 Likude nasehuhleni ;
 Ndibathand' abafundisi nezifundo ;
 Kodwa hay' utata !
 Kodwa hay' uPapa !

Ndikhumbul' ikhaya !
 Kungekho nt' iphi ekutyeni,
 Ndiyatyiswa, ndilulekwa, ndiqeqeshwa ;
 Kodwa hay' uMama !
 Ndincede ngomama !
 Ndikhumbul' ekhaya !
 Phofu ndisekunconyweni,
 Ngezifundo, ngemidlalo, ngentobeko.
 Hayi kodw' ikokwethu !
 Neenkukwana zalo.
 Ndikhumbul' ekhaya !
 Apha ndisekuthandweni ;
 Akungetsho undi'bon' ekwayaleni ;
 Kodwa, Kwakh' ! Hay' ikhaya !
 Mfo ! Kumnand' ekhaya !!!

IKRESIMESI KA-1928

" Zekungafunyanwa namnye kuni ocandisa unyana wakhe, nentombi yakhe emlilweni, novumisayo, nolitola, nohlaba izihlabo, nokhafulayo, nonemilingo, nobuza koneshologu, nosiyazi, negqwira, kuba lisikizi kuYehova bonke abenza ezo nto ; kungenxa yaloo masikizi le nto uYehova, uThixo, azigqogqayo zingabikho ebusweni bakhe. Uzugqibelele ukuha noYehova uThixo wakho, kuba ezi ntlanga uzigqogqayo zaphulaphula amatola nabavumisi" (Duter. 18 : 10-14).

" Xa bathe kuni,—Quqelani kwabaneshologu, nakosiyazi abalozayo, abadumzelayo, yithini : Abantu mabanguqeli kuThixo wabo yini-na ? Ngenxa yabaphilileyo, mabaquqele kwabafuleyo-na ?" (Yesaya 8 : 19).

" Ke bona abantu abangendawo, nosiyazi, kukhona bayakuhambela phambili ebubini, belahlekisa, belahlekiswa." (2 Tim. 3 : 13).

Bek' indlebe nto kabawo !
 Bek' indlebe ntokazi kabawo !
 Ingxamel' ukuhlab' umkhos' iMbongi,—
 IMbongi yeSizwe Jikelele ;
 Icish' ukungathethi namhlanje,
 Icish' ukubek' indlebe ngokwayo,—
 Kuba eli lizwi namhla lithethayo,
 Lithetha ngegunya nangamandla !
 Lithetha ngobunganga nobungangamsha !
 Lizw' elinamandla loMenzi ;
 Lizw' elinegunya loNdikhoyo ;
 Ingangamsh' enkulu yakuloMazulu !
 UDuma-barwaqel' igama layo !
 Sinnika !!!

Bek' indlebe kuba ndikubonile !
 Ubuyicandis' emlilweni inkwenkw' akho !
 Nentombi yakh' ubuyihuntshuzisa,
 Uthi izikhanyel' int' eyaziyo.
 Ndikubonil' uquqela kosiyazi ;
 Ndiku'bonil' utyeth' umnqayazana,
 Kuthiwa ungu—" Siyavumisa."
 Uthene mbende noneshologu,
 Akwahlukani negqwira,
 Kwanonemilingo.

Ndimemez' inguquko !
 Inguqukokaz' enkulu ! !
 Ndimemeza ngomtyangampo,—
 Ngelizw' elimpongampo !
 Ndithi, namhlanje : " Lahla !"
 Ilizwe lakho namhl' asilakho ;
 Ugqogqwe ngenxa yenkolelo ;

Ugqogqwe kulo ngenxa yenkolo ;
 Ngenxa yezithethe, namasiko, nemikhwa,
 Kad' ulahlek' ulahlekiswa,—
 Ziint' ezalahlekayo ngokwazo,
 Zahambela phambili ebubini.

Lahla ntokazi kabawo, Lahla !
 Lahla elo qhina lisembinqweni, Lahla !
 Lahla nto kabawo yininala !
 Lahla loo ntwan' isetasini !
 Shiya gxavalala, shiya xaxasholo !
 Shiy' onomathotholo nemilozi !
 Aniyiva-na le ngqumb' ingakana ?
 Aniziva-n' ezizohlwayo ?
 Aniwoyiki-na lo msind' ungakanana ?
 Iyatheth' iNkosi yam aniyiva-na ?
 Ith' iyazicekis' ezi zinto,—
 Ith' ikuthiyil' ukuvumisa ;
 Ithi lisikiz' kuy' ukukhafula !

Sinnika !!!

Awu !!!

Hay' ke wen' uzakuthi ngentlawulelo !
 Wena Xhwane leXhwane ;
 Wena Mvana yeeMvana ;
 Wen' uzis' uxolelo ;
 Wena Manyuweli, Thix' usebantwini !
 Namhl' uzufike ngesithwakumbe !
 Sonini-nanini,—
 Ngonyama yezakwaJuda ;
 Ngesaqhobe sesaqhwithi,—
 Atsh' amakholw' awujong' uMnqamlezo,
 Azilahl' iincok' ezingendawo ;
 Awulahl' umona nentle bendwane ;

Akulahle konk' ukunukana ;
 Nezincoko zoHili neeMpundulu ;
 Neenyoka zabantu nokuthakatha ;
 Wen' umzimb' ungasonka !
 Namhl' ufika nje masibe namandla ;
 Kuba sinommeli phakathi kwethu noThixo ;
 Silibuyel' izwe leth' elihle ;
 Lihlanjw' ukungcola ;
 Ligutyulw' inkunkuma ;
 Xa sitshoyo ke siyabulisa !
 Sikunikela konk' okwethu !

Ngegama loYise,—

Ngegama loNyana,—

NeloMoy' Oyingcwele !

Haleluya ! !

Ha-le-lu-ya ! ! !

IKRESIMESI KA-1934

*"Hambani niyekumbikela uJohane, izinto enizivileyo
 nenizibonileyo" (Luka 7 : 22-23).*

"Unoyolo othe akakhutyekiswa Ndim."

Bhinqan' izikhaka maAfrikakazi !
 Lufikil' uhambo lwaseBhetilcheme.
 Yenzan' umRululu nenz' iNgongobala,
 Nivile-n' intombi bath' ipheth' umntwana !
 Bath' ipheth' unyana, uSifut'a-Sibanzi,—
 Ingangamsh' Enkulu yakuloMazulu.
 Wathethwa phambili kwathwa nguManyuweli,—
 Oko ke kukuthi uThixo unathi.

Bhinqan' izikhaka maAfrikakazi!
 Lufikil' uhambo lwaseBhetileheme.
 Zintombi zabafo ezinomva nomsa.
 Zanyul' uMosisi ezingcongolweni.
 Phathan' izibhembe niya kwaMdlezana;
 Phathan' amalizo niya kufukamisa;
 Phathan' imibongo niya ku'ingelela;
 Phathan' iint' ezintle niya kuMntan' Omhle.

Bhinqan' izikhaka maAfrikakazi!
 Lufikil' uhambo lwaseBhetileheme.
 Mayivakal' intsholo icand' izixeko,
 Ngendumis' enkulu yendili ngendili;
 Kothuk' abalali nabathandabuzi.
 Iphel' imbuzwano kwanempikiswano,
 Ibeny' iNgangamsha neNkosi yeeNkosi,—
 Ibe loloSana lwaseBhetileheme.

Nani zikrwalaxu fakan' imixhaga,
 Nifak' amaHobe kwanezidabane,
 UMtheth' ufikile uMthetho kaMthetho;
 Kufik' uMqondiso nok' uphikiswayo.
 Zithwalen' izindwe kukho nobutshaba
 Zingasal' iintonga 'bunzima bendoda;
 Livumen' iGwatyu niqul' amakhaka,
 Nimtsho noSidyume nijong' int' ehlayo.

Xhoban' izikrweq' iNkos' ibe nomkhosi!
 Ikrwana, iingcola, neengqanda, nentshuntshe.
 Xhoban' iNyaniso kwanemvisiswano.
 Yixhoben' iNkolo noThando neThemba.
 Bizan' obedlula omkiley' abuye,—
 INkos' ifikile umzi maluvane.
 Namhlanj' iindwalutho mazishumaye,le,
 Le nyang' ithwasa nje ithwasa nolutho.

Xhobani mlisela nilandel' oyihlo!
 Lo mkhos' uhlatywayo uhlatyelwa nina,
 Le Nkos' ifikayo yokhungwa kwanini;
 Ibongw' idunyiswe, ikhuselwe nini.
 Yenzelen' umhobe nezango zeengoma.
 Yenzelen' umbongo niyini' iintliziyo.
 Ifike kokwayo, ifik' eAfrika,
 Yenzelen' izidlo niyimemel' iimbutho.

Rolan' izihombo nani mlisazana!
 Zifaken' iingcaca nibhinq' amaula,
 Rolan' iTyeleba noMtho noMthombothi;
 Zip' izifikane! Buphin' ubulawu?
 Nank' esiz' uMyeni uMakhanda Mathathu!
 Phathan' izibane nigalel' ioli;
 Afike zivutha afik' elindelwe;
 Kuphela kweNkosi, kuphela kweTshawe;
 Sixhaso seZulu noMhlaba noLwandle.

Vukani bantwana namhla yimfuduka!
 Yimfuduk' enkulu yesizwe siphela,
 Kushiyw' amanxowa kusingw' eZiyoni;
 Kushiyw' ozinkolo kunye nezithethe;
 Kushiyw' amasiko kunye neminyanya;
 Kushiyw' ozintlondi kushiyw' imigidi,
 Kushiyw' amanxowa agqib' imigqeku;
 Namhla kuya hanjwa! Namhla kuya hanjwa!

Yizani ke sizwe nimbone nikholwe!
 Yizani nizive izint' ezinkulu.
 Nobika njani-na ningabonanga nje!
 Nibike ntoni-na ningakholwanga nje?
 Nobona lusana lusesitalini,—
 Ma ze nilucofe lungumntu kwayekwa;

Kanti ke kulapho kwaqhinelwa khona ;
 Zilaph' izigqibo zoThixo nabantu !
 Hambani ke sizwe, mabandl' akomkhulu !
 Magora, makroti, namadela-kufa !
 Kuphil' imilwelwe kuhamb' iziqhwala ;
 Ziya bon' iimfama kuve nezithulu.
 Kuhlanjw' amaqhenqa kuvuswe nabafi ;
 Bikelan' uYohan' aphez' intandabuzo.
 Ufikil' ozayo okad' elindelwe,—
 "Unoyol' ongakhutyekiswanga kuYesu."

"NGUYESU"

"Loba yintoni-na isiko lale nkwenkwe nokwenza kwayo ?"
(Gwebi 13 : 12).

Kukhw' inkwenkw' eza kuzalwa
 Zitsh' izithunywa zeZulu ;
 Iza kusindis' ilizwe,
 Kwimbubhiso kaSathana.

Kukh' imfazwe eZulwini,
 Wagxothw' aph' uLusifere,
 Wachithwa nehlokondiba,
 Leedemoni zimlandela.

Walithimba lonk' ilizwe,
 Apho waya wawa khona
 Lasemandlen' akhe lonke,
 Nasemagunyeni akhe.

Wathimba abantu nabo,—
 Zonk' iingcamango neengqondo.
 Bakholelw' ebuxokini,
 Bayilahla inyaniso.

Balahl' umDali uThixo,—
 OnguYise weento zonke ;
 Baphumputh' ebumnyameni,
 Basinga kwaNtshabalalo.
 Iyeza ke namhl' inkwenkwe,
 Iphuthum' abakowayo,
 Bath' ilwe yamagazana,
 Yaluchith' utshaba emva.
 Le nkwenkw' ingumMangaliso
 Kuba nguMakad'ebona ;
 Wayegxothwe yiyo kade,
 Ezulwin' uLusifere.
 Namhl' imfuna kweli lizwe,
 Izel' ukuza kumchitha ;
 Ithimb' abaThinjwa bayo,
 Ibe Luxol' emhlabeni
 Iza kuphath' ubukhosi,
 Ubukhosi bentlawulelo ;
 Ngoko masifun' isiko,
 Elikholisa lo mntwana.
 "Zonk' izono mazilahlwe,
 "Inqambi mayicckiswe,
 "Ubunxila mabuyekwe,"
 Litsh' isiko lalo mntwana.
 Khandelani kuye nonke !
 Nizuz' ubom nokuphila,
 Phosan' imithwalo yenu,—
 Yint' egxalaba libanzi.
 Sondelani nonke zizwe !
 Senz' isiko lalo mntwana.
 NguKumkani kaKumkani ;
 Igama lakhe "NguYesu."

UMQONDISO

" INkosi iyaKuninika Umqondiso Ngokwayo " (Yesaya 7, 12).

Saphinda sawunikwa thina lo mqondiso,
Inkos' ithandile ukwenz' usindiso;
Kuba okaJona wanced' iNiniva
Amagaz' ebhokhwe aba ngqiva-ngqiva.
Izelwe iNkosi phuman' ehlathini
Buyani zimpanza kuseluxolweni.

Ongubo ngambini makaph' ongenayo,
Opheth' isonkana makaph' ongenaso,
Amalizo nqoma nangezogushana,
Kwanyiswa-nyiswane nangezo bhokhwana,
Batshil' oYohane ukutshayeleda;
Bathi lo Mhlelezi uthanda loo ndlela.

Sison' ukuvimba yinyhweba ukupha,
Sison' ukuthiya yinyhweb' ukuthanda,
Sisono umsindo yinyhweba uxolo,
Sisono ikratshi yinyhweb' intobeko,
Sison' ukuzidla yinyhweb' ululamo
Zitsh' izimiselo zale Nkos' izayo.

Iwil' iBhabheli kwanePeresiya,
IGrike neRoma nazo zasishiya
Izizw' ezikhulu zibhukuqekile
Zizinxilisile, ziphephethekile;
Kuvele ilitye elingangentaba
Zisekelwe kulo namhlanj' ezi ntaba.

Ility' elikhulu lingangehlabathi
Licumze izizwe zatsho zaluthuli;
Ility' eliphume lingaziwa bani
Suke layintloko yaz' izikumkani:
" Intombi yomitha izale unyana,
Imthiye igama ithi nguMesiya!"

Nalo k' elo litye laliwa ngabakhi
Namhla liyintloko phe ha kwehlabathi,
Livele ngemihla kaKhesar' Ogosto
Kunge kumayana kunyukelw' ubalo,
Yavel' inkwenkwezi yaxelel' izazi
Zagubhuk' izazi zajong' estalini.

Namhl' iNkos' izisekel' ubukhosi,
" Yizani sigobe kuKristu iNkosi."
Obu bukhosi namhla boma bumi,
NeNkos' igama nguSonini-nanini,
Kodlula izulu lidlul' iphakade
Obu bukhosi namhla bobaphakade.

Iinganga namhla zishwabene ubuso.
Inkosi ize kunika umqondiso.
Imimoy' ibethe yadamba elwandle,
Zakhwankqa iintlanga, neelwimi, nezizwe.
Zonke iziyatha kunye neembedlenge
Zityhil' imfihlelo zenziw' iindedebe.

Gecani indlela ecand' eAfrika,
Nay' izakukhanya uYes' akufika.
Wagqibela mzuzu eselusanana
Nanamhl' akuphinda siya kwamkelana.
Umzi mavuvan' osentla nosezantsi
Sibike usapho apho kuMsindisi.

Sobika iincindi nezifo zempahla ;
 Sobika intswelo nonqabo lwemvula ;
 Sobik' amadoda ukuf' intliziyo ;
 Sobik' ukuthetha okungenazenzo ;
 Sobik' amaKristu ukuxoka kwawo
 Anced' uMhlekaazi satsha zezi ndawo.

Namhla nje lo mhlaba uze kongululwa,
 Ozintsikelelo baza kuthululwa,
 Omithi nozingca namhla bakhululwe,
 Ozinambuzane sebesikelelwe
 Yoba lithamsanqa yonk' ingqalekiso
 Kuba namhl' uLizwi wenza umqondiso.

Le nyoka inkulu ijulwe ngaphandle ;
 Ubuxoki bayo buntywilisw' elwandle ;
 Nayo ibotshiwe iinyawo nezandla,
 Yajulw' emlilweni nguBaw' uSomandla.
 Ngokho siya bonga njengoSirayeli
 Sithi: " Haleluya kuy' uManyuweli ! "

Ngcango zentliziyo namhla vulekani
 Ingene le Nkosi ize idle nani ;
 Ubom' obukhoyo kwanobo buzayo,
 Boba lifa lenu elingabhubhiyo ;
 IYerusaleme yoba ngumzi wenu,
 Nihlale nihleli nineNkosi yenu.



II. IZIBONGO EZINGOKUFA NOKUTHWASA KOMNYAKA

UMNYAKA OMTSHA, 1915

Tatalahote makwedini !
 Tatalahote yathwas' inyanga ! !
 Yathwas' inyanga mzi kaMthetho kaMthetho.
 Bantu belizw' eliphahlwe yimilambo ;
 Kanti yimilambo yokuntywilis' iintshaba.
 Nikhe naliva-n' iLizwi liphum' emafini :
 " UYehov' uya kunilwela
 " Ke nina niya kuthi tu."

Bhotani Zinkosi !

Kha nitsho kuxa kuphi-na 'nto zakowethu !
 Lo 1914 udlula nezithini-na ?
 Lo 1915 yen' uza naziphi-na ?
 Zithini-n' ukubinz' iinkwenkwezi zezulu ?
 Zithini-n' iincwadi zamalumko amzuzu ?
 Kha nisibuzele koDanyeli neziTyhilelo.
 Madodana sikhangeleleni,
 Silindel' ilizw' elivela Phezulu.

Bhotani Banumzana !

Le Afrik' inombuzo mayiphendulwe,
 Ithi: " Ngubani-n' oya kusinceda kobu bunzima ?
 " Ngubani-n' oya kusikhupha kobu bumnyama ?
 " Kobu buphantsi ngubani-n' oya kusiphakamisa ? "
 Zinkosi phendulani nithini-na nina ?
 Nani manene elenu lenzeni.
 Madodana phuthumani kuthiwa " Zimkile ! "
 Zintombi bhinqan' utsho kuni lo mkhosi !

Bhotani Madodana !

Kha nitsho 'nto zakowethu sithini-na?
 Ith' iBhritani "nina yithini cwaka;"
 Ath' amaGqira wona masithath' iintonga.
 Nank' uNyange-lemihla Yen' elamla:
 Uthi kunjenje nje niza kubona ngamehlo,
 Kub' iminyak' iseSandleni Sakhe.
 Ngoko ndithi: Vukani magwalandini!
 Hleze zibe ziyazal' iziPorofetho;
 Hlez' abe namhl' amatywin' aya vulwa.
 Bhotani Maqobokazana!

Vukani kusile magwalandini!
 Nants' idlul' int' emagazi u1914.
 Nants' inger' eny' int' esingayaziyo:
 Bhotani 'nto zakwaMshweshwe ndiya bulisa;
 Nani mabandla kaSenzangakhona kaZulu.
 Bhotani nkomo zaseSwazini!
 Bhotani mabandl' akuloNgqungqushe;
 Ndinganishiyi nganto nkomo zikaTshiwo.
 Xa ndilapho ke ndisekut'honeleni:
 'Mvula mayine Nkosi Yam!
 Ndee ntsho-ntshobololo!!
 Ndaxel' inkwenkwez' enomsila!!!

"1929"

"Kuba ndinguYehova igqira lakho." (Eksod. 15 26).

*Ilizwi leeNkosi liphelake sisidima; ngenxa yale nto ke
 izikolo ziwile,—iindemoni zibuye ngazixhenxe ngazixhenxe;
 iouke yema ngenyawo imvelo, nendalo ifuna okwayo, kuba
 asingenanga egazini, apho sasithe siphuma sisiya khona.
 Ngako oko:*

Mandiphinde ntombi kabawo,—
 Ndithi kuwe, "lahla!"

Nakuwe nyana kabawo,
 Ndithi kuwe, "lahla!"
 Ndinankunqele yegqir' endiyaziyo.
 NguMakhanda-Mathathu igama lalo.
 Ndandingumntwana kuqala,
 Namhla ndisekwaluphaleni,
 Andizange ndilive likhohlisa,
 Ndingazange ndive likhohliswa;
 Ndiya lazi yingwangqaz' enkulu,
 Int' etsho ngesidlokolo samazulu;
 Int' ethetha ngemibane nangendudumo;
 Kanti xa kulaph' iya vumisa,—
 Ingwangqaz' enkulu yaseSebhayothi!
 "Vumani!" "Siyavuma!"
 "Vumani!" "Siyavuma!!"

Sikhe sazithath' iintonga sabekelela,
 Sabekelela say' emzin' ent' enkulu;
 Sifike kumakhazikhaz' angenakujongeka;
 Suk' af' amehlo kwavel' angaphakathi;
 Sifike kwintshinyela yomzikazi,—
 Kumzikaz' onamanzi nemithi,—
 Umthi wobom kulaph' ukhona.
 Ukwalaph' umthikaz' omagqabi mahle,—
 Omagqab' angawokuphiliswa kweentlanga.
 Ukhe wawunikw' uMoses eMara,
 Kuz' aguqul' amanz' akrakra,
 Bathi ubukrakra bayincindi yobusi!
 Siwubon' aph' uMfisi waseGiliyadi!
 Siyibon' aph' iMisedare yaseLebanon,
 "NdinguYehova igqira lakho:"
 "Vumani!" "Siyavuma!!"
 "Vumani bo!" "Siyavuma!!"

Ndaza ndabona mabandla kaHam !
 Ndaza ndabona lusapho lukaKhushe !
 Ndaza ndabona kubanjw' ilishwa,—
 Kubanjw' ilishwa kulahlw' ithamsanqa !
 Eli Gqira mna ndaliva ngobawo ;
 Nobawo waliva ngoyise ;
 Noyise walixelelwa nguyise ;
 Nam unyan' am sendimxecele,—
 Ndathi nguMehl' anjengesibane,
 Sisinunza-nunza sesinunzela,
 NguThemba-thamsanqa kudliwa kobom,
 Nguyeza mhlonyan' ecaleni leziko,
 Isitshatshel' esikhulu sakulomazulu,
 Int' ezihlwele zigwaba ngamaphiko.

" NdinguYehova igqira lakho ! "

" Vumani madoda ! " " Siyavuma ! "

" Vumani zintokazi ! " " Siyavuma ! "

Simbonil' uNinz' ekhutshw' iidemoni !
 Waqalel' eDekapoli walishumayela.
 Siyibonil' inkazan' enethombo legazi !
 Yabamb' entshingeni kwaba kugqityiwe.
 Siyibonil' imfama kwelakwaThunyiwe
 Sambon' uNahaman' eYordane.
 Silibonil' ishumu lamaqhenq' eSamariya
 Ngubani-n' ongevanga ngomf' onedumbe ?
 Ngubani-n' ongevanga ngomSarofinikazi ?
 Ibisifo sini-n' obukhala ngaso wena ?
 Es' uchithe ngas' uyihlo nonyoko ?
 Es' uchithe ngas' umzi wakho, wakowenu ?
 Es' ugqibe ngas' izihlobo nabamelwane ?
 Ubutyatyanjelwa yindawoni-na ?
 Le ungezi nayo kweli gqira lezizwe neentlanga ?

" NdinguYehova igqira lakho ! "

" Vumani mzi kaKhushe ! "

" Siyavuma ! ! "

Iyapheza kule ndaw' iMbongi yeSizwe
 Umnqayi-mkhul' ungangenkanunu ;
 Ubeth' amanz' aselwandle,
 Atshiz' abaphesheya kweGqili neLigwa.
 Ithi nonyaka madoda makulahlwe !
 Nonyaka makuyiw' eGqireni !
 KwiGqir' elikhulu laseSebhayothi,—
 UMakhanda Mathathu igama lalo !

Ncincilili ! !

U-1931 NO-1932

" Nisikelelwe maAfrika bantu bam " (Yes. 19 : 25).

Wadlul' omdala wangen' omtsha !

Wafik' omtsha wegqith' omdala,—

Uz' ufumbeth' amashwa namashwangusha ;

Uz' ufumbeth' iintsikelelo namathamsanqa ;

Uz' ufumbeth' impilo nezikhuhlane ;

Uz' ufumbeth' ubumnandi nosizi ;

Uz' ufumbeth' ubutyebi nobuhlwempu ;

Uz' ufumbeth' ukuwa nokuphakama ;

Uz' ufumbeth' int' ezininzi,—

" Nisikelelwe maAfrika bantu bam ! "

Umnyak' omdal' ubukwanjalo nawo ;

Noyise noyisemkhulu wayenjalo naye ;

Ngokwesiko lakokwabo leminyaka,

Ukususel' emaphakaden' amzuzu,—

Kude kuye kwazayw' amaphakade !

Wangen' omdala sinamathemb' amakhulu ;

Savuya sagcoba senza nemihlali ;

Saxhela nempahla saphalaz' igazi,—
 Sihlambe ilizwe ngenxa yomnyak' omtsha,—
 "Nisikelelwe maAfrika bantu bam!"

Sangena kambe kulo nyaka we-1932.
 Sangen' ingxokolo yomnyak' oyingxaki;
 Sangen' uninzi lwabantu luzibhija;
 Sangen' izizwe zinkwanya zisoyika;
 Sangen' izikumkani zimi lumere;
 Sangen' indlal' izambathisil' izizwe;
 Sangena ngemfazwe namare emfazwe.
 "Nisikelelwe maAfrika bantu bam!"

Akukho ngozi yakha yeza nomnyaka,
 Umnyaka sicak' esithunye Phezulu,
 Ukuza kugcinel' abantu ixesha;
 Ingozi ikuwe esiqwini,—
 Ngokohlobo lwakho, oziphatha ngalo,
 Umnyak' ukuphatha ngokohlobo lwakho.
 Ngokohlobo lwakho lwesimilo sakho.
 Ngoko yizamen' indili nesimilo,—
 Ngazo nenz' umnyak' amaziny' abuthuntu.
 "Nisikelelwe maAfrika bantu bam!"

Wungeneni nidumisa umnyak' omtsha!
 Wungeneni nithandaza umnyak' omtsha!
 Ngobugora, ngobukroti, ngamathemba,—
 Wungeneni ngenkolo nangokhalipho,
 Ongen' emsingen' ujong' ngaphesheya;
 Ongen' edabini ujong' ukoyisa,—
 Aqhize alahle zonk' iimbambezela;
 Kwa nezirintyel' ezomphithizelisa
 Lahlan' ngoko zonk' izivukampunzi.
 "Nisikelelwe maAfrika bantu bam!"

Lahlan' imijojo neent' ezinamavumba,—
 Inkos' eminyaka ichasene nezo nto.
 Imilingo kuyo lisikiz' elibi;
 Iinkolo neenkolelo zizihlambezo.
 Lahlan' amatola kwanabavumisi.
 Lahlan' osiyazi nabakhafulayo,
 Lahlan' izibhunya zomthi wokukhwitsha,—
 Balahleni bonk' othixo basemzini;
 Nikhumbul' ekhaya ngemvo nangomxhelo,—
 "Nisikelelwe maAfrika bantu bam!"

Ngenan' umnyak' omtsha!
 Ngenan' umnyak' omtsha!
 Ngenani ngombongo nezango zomoya;
 Ngenani ngo'Thixo nangelizwi Lakhe;
 Ngenani ngethemba nize' umbulelo;
 Ngenani kamnandi sinomnyak' omnandi.
 Wandulelwe kade ligazi leMvana,—
 Wandulelwe kade li'Tshaw' esitalini,—
 Ufik' uluntu lonke seluno'Thixo,—
 SelunoMhlekezi onguManyuweli.
 "Nisikelelwe maAfrika bantu bam!"

Kamnandi zinkosi zesizwe, zohlanga!
 Kamnandi zinkokeli nonke ngabanye!
 Kamnandi zintsapho, nonke bantwanana!
 Kamnandi mlisela! Kamnandi Mthinjana!
 Kamnandi manene namanenkazi!
 Kamnandi madoda bafaz' abakhulu!
 Kamnandi mawethu! Kukude phambili!
 Kamnandi ngendyebo nangentsikelelo,—
 Niphile kamnandi ngawo lo mnyaka mtsha.
 "Nisikelelwe maAfrika bantu bam!"

III. IZIBONGO EZINGABAFI BETHU UKUFA

"Yinton'-na le Kufa nakumbanandini,—
"Ufakwe yini-na kodw' aph' ebantwini?
"Uzalwa sisono uyihlo yinyoka,
"Akukhw' endalweni,—andikukujoka!"

*Iphephu ngalinye eliphumayo ngesi mini liphuma liphethe
umphanga womntu ebekungafuneki nganto ukuba afe. Ngoko
ndinga ndingagondisiswa :*

Ukufa lo ngubani-na?
Engunyana kabani-na?
Le nt' anj' ukutabalaza,
Yonk' impil' eyiphalaza;
Loo magunya unawo-na?
Wayenikwe kangako-na?
Usesemthethweni-na ke?
Masim' iinyawo kwelo ke.

Wayephi-na eMyezweni?
Ngomhl' omkhulu endaweni?
Phendulani bafondini
Inyaniso ime imi;
Amaguny' anikwa thina
Ngoko yena wayephi-na?
Kwathw' "umhlaba niwoyise."
Kwatsh' uThixo onguYise.

Lo mnumzan' uvele kubi
Wathi thu ngomhla wobubi;
Kuqale kwavel' inyoka
Yenz' izwi lokusinyoka;

Sagxothwa buphuthuphuthu,
Kwatsho kwayimbuthumbuthu;
Kwamakrele kwamililo
Kwazigulo kwazililo.

Uvel' apho k' umthakathi,
Sel' ezenza umphakathi;
Wanikwa ke buqwigana,—
Ngabo wazenz' isinhanha.
Itsh' imbali sinityele
Vukani kade nilele.
Lo mfo mna ndimmangalele
Ndimlwa naxa sendilele.

Yimo yoo! "Vuk' endleleni"
Ukujika endleleni,—
Ath' ephathiswe kangaka
Azinik' uhakahaka,
Ngeenyawo ezinodaka,
Utsho uMbus' ube mdaka.
Bungcole nobukumkani
Bangabant' abanenkani.

Ngok' isono masigxothwe,
Sichithwe nasemaBhotwe;
Masincethezwe komkhulu.
Ngengqungquthela enkulu;
'Zesigwetywe sisakaswe
Nenzala yas' isasazwe;
Sis' esazala uKufa,
Sisamfukamel' uKufa.

Ndimem' imbizo enku-u-lu,
Komncinane nakomkhulu.
Ndiyimem' ezazeleni,—
Zomnye ngamny' ezingontsini.

Ngexesh' asaphanyazayo
Imithamb' isabethayo.
"Lo mf' ukufa makagxothwe
"Le nt' ayaziwa eBhotwe."

Wena Mfu. Sigonyela Kakaza

Kambe loo ndod' idlul' apha
Uth' uKufa ibiziwe
Labhong' ilizwe lancama.
Hamba bawo ugqibile.

UMnu. P. Ntsiko

*Lo mfana ubesandul' ukubhala esithi mandimthumele
imigca ethetha ngo "Khawulezis' amaxesha."*

Nantso kambe se unayo
Wayizuza wagqithisa.
Waqalelwa ngumfazana;
Ibe phi-na le nkedama?
Hay' amanzi ukuthamba,
Kanti mhlamnye alilitye;
Hamba kwekw' omfo kaNtsiko
Uth' u-Kufa ubiziwe.

Nawe Mfu. Columbus Ngxwana

Thole lomgquba lakwaNgqika
Kwingwaba likaLwaganda
Ubupheth' intlwayelelo,
Inembew' entle phakathi.
Kwizwe lakwaMa'mabolo
Obuthunywe kulo wena.
Besijong' iint' ezinkulu
Sinamabhong' amakhulu,
Sikubona ujongole

Uvutha uphum' iintlantsi.
Qhaph' uKufa wathi pheza
Naw' ubiziwe phambili.
Pheza ke Mnywahe omkhulu
Thole lamalinda-ngcwaba!

Kuwe Mfu. Arthur Magabela

'Thol' lezidwangube zakwaMdange,
ZakwaMdange Wenqabaza;
Ubekujongil' uBhi hophu
Ekuthetha x' ungevayo;
Bekuzo kujub' indyulo
'Thol' lekhaka nomkhonkotho.
Nanko k' uKufa ethetha:
Uthi: "Pheza ubiziwe."

Mandiyeke bafondini,
Hi nje, J. C. kaFondini
Abantw' aba baya phi-na?
Uth' uKufa ubasa phi-na
E'athath' emsebenzini,
Beya kulal' unanini?

UMFI UMHLEKAZI SEEISO GRIFFITH—1941

*"Uye phi na umthuthuzeli wam esingqaleni?" (Jer.
8 : 18).*

*Udaba lokusweleka kamsinya nangesaquphe, koKumkani
waseluSuthu, obebekwa kuzo ezi ntsuku sizizwe ngezizwe,
ngesihomokazi esingengantonga, luxothusile umzi uphela.
Ukwenjenje kubeka ilitye egameni labakowethu, nabaninzi
abangabanga nokufikelela edlakeni.*

Othukil' amaRarabe !
 Ngumphang' ovel' eluSuthu ;
 Uphangaphangwe yini-na,—
 Umntan' eNkosi kamsinya ?
 Khe zathatyathwa-n' iintonga ?
 OSiyazi bathini-na ?
 Esithini-n' amathambo ?
 Kub' umona yint' ekhoyo ;
 Wothukil' umzi kaPhalo !

Silila nani beSuthu,
 Ningumzalwana kwanathi :
 Ayalil' amaBhritani ;
 Ngomhlobo ngexesh' elibi ;
 Kulil' onk' amaAfrika,
 Lo mntwana ubelithemba,
 Taruni mzi wakwaMshweshwe,—
 Wothukil' umzi kaPhalo !

Besilapho nje ngezolo,
 Kwizwe lakwaMokhatshane,
 Size kuzimas' umntwana
 Ngendumasikaz' enkulu,
 Oku kwenzeke ngani-na ?
 Ukuf' oku sisithunzi ;
 Ukuf' oku bubuthongo ;
 Ngokwenenekaz' enkulu,—
 Wothukil' umzi kaPhalo !

Kok' uThixo yint' ekhoyo,
 Ngeba sithi siphalele ;
 Besiza kuzuz' iinkomo,
 Namalizo ngamalizo ;

Se zikhe zafika zona,—
 Iintokazi zakwaNgqika,
 Waziliza wazambesa,—
 Wothukil' umzi kaPhalo !

Taruni baseluSuthu !
 UmHlekazi l' akafanga
 Uye kulungis' indlela,
 Nesimo selizwe lenu ;
 Uye kunilwel' iintshaba,
 Anikhangel' eNyangweni
 EnoThix' ophilileyo,
 Ongengowabafileyo.

Hamba ke mfo kaLutholi !
 Shiya njalo gxavalala !
 Xa ubizwayo Komkhulu,
 Ubungena kumangala !
 Shiy' usapho, shiy' isizwe ;
 Shiy' umbuso wakwaMshweshwe !
 Hamba nalo neli lizwi,—
 Wothukil' umzi kaPhalo !!!

UMFIKAZI UCHARLOTTE MANYHI MAXEKE

" Ndesuka ndingunina kwaSirayeli " (Gwebi 5 : 7).

Le ntombi kaManyhi noko ingumSuthukazi, yaqala ukuli-bona ilanga kweli lizwe lakowethu lakwaNgqika ; yafunda apha, yawela ukuya eMerika isuka phakathi kwethu apha ; yade yabuya nelo xhoba liyimfundo yeza nalo ekhaya ; latyiwa ngawo onke amaAfrika—into leyo ezingabeleyo iimfundi neemfundikazi. Ide yendiswa kwasithi, ingaxendisanga, siyendisela kulo mfana kaMaxeke wasemaNywabeni, kwa-Gatyeeni, kwaNdondele, emaGqunukhwebeni. Ngakho oko.

Shukumani bafazi !
 Ushenxil' uMamarixirixi;
 Ufinyis' amagruxu.
 Ushenxil' okad' esakh' umzi,
 Egutyul' iiranga namanxila;
 Egodus' amahilil' agoduke;
 Ku'uy' amadungudwan' emazweni.
 ITye lesiseko seTiyopiya!
 Shukumani bafazi !

Igqibil' intomb' ascmzini;
 Igqibil' intomb' aseluSuthu;
 Umfazi wamaNywabe kwaGatweni;
 Ukhe wabek' iinyawo kwelabaTshwana;
 Kusapho lukaKhama nolwabaRolweni;
 Wabek' amabele ku'baThembu,—
 Kumabandla kaNda' a kaZodwa;
 ETyalara kwingcwaba likaNgangezwe
 Maz' emabele made yaseAfrika,—

Okwanyis' usapho lukaNtu luphela;
 Azi nonyaka yaphusile nje,—
 Logangwa yintokazi kabani-na ?
 Menzelen' ilitye lokukhunjulwa,
 Ze siqhayisele ngal' amavilakazi.
 Az' angaz' alityalwe kowabo;
 Az' angaz' alityalw' emhlabeni;
 Az' angaz' alityalw' eAfrika !

Nci ! Ncincilili !!!

UMFI UMF. JOHN SOLILO

"Ngokuba uYehova eyazi indlela yamalungisa." (Ndum. 1 : 6).

Umfundisi lo ogama lingentlu ngumzakwana womPolofithi wethu uNtsikana Ongcwele, ngamaCira, amabandla ka-Ntswentswe kaMhlandlandlovu, kaNcibana, kaQanqolo. Ikowabo liseMdizeni kwizwe lamaGqunukhwebe; kanti ke noko esona sizinde sakowabo kuseMgqali kaNgqika, ngama-Ngqika cace ke ngoko. Ube kakhulu kwibandla lakowabo laseTshetshi. Sekubhaliwe ngaye ngabo babhalileyo, ukwenjenje oku nam ndaleka umsundulo, nokuvakalisa umothuko wesizwe sethu ngakho ukusishiya kwayo loo ndoda :—

Wahamb' uYangxola kaSolilo,—
 Uyangxola ngokwengxangxasi.
 Lo mth' ixhant' awunaxabiso,—
 Kub' ubhululwe onk' amasebe;
 Sivatho sam sizintlo' ontlobo !
 Singehla nesifuba kuthiwa lihobe;
 Singakhwez' umhlubulo kuthiwa "Sidanga,"
 Singabhijel' amaqe kuthiwa "lukhotso."
 Kant' esiswini kuthiwa "lunyilingo."

Yahamb' inzwana yomfo !
 Ingqungqumban' engafanele kufa,
 Nangok' ayifang' ibiziwe.
 Ibizwe liKomkhul' eliPhezulu;
 Nam lindibizile bendingakumangala.
 Ubizelw' iNzila neLente yalo mnyaka;
 Ubizelwe nePasika kwakhona;
 Kuz' abe yinjoli yokwaba iGazi,—
 IGazi laLowo wasifelayo.

Wahamb' umPriste nomBingeleti,
 UNongqovu noMaqandeka ;
 Igor' elingoyiki nokufa.
 Int' ethi, " Yiza kufa kwam,
 " Khauleza hlaba, khauleza Phika !
 " De ndiy' ekuphumleni kwam ! "
 Hamba Ma'bona, kub' u'bona kude !
 Kub' ubonil' aph' uya khona,
 Waphum' eMishini, wangen' ekwapheeni ;
 Washiy' iintyatyambo zikhazimla ;
 Waya kwezingabuniyo ;
 Washiy' usapho lulila,
 Waya kolungenasingqala ;
 Washiy' iRamente ibhonga,
 Waya kwezel' imihlali !
 Wena bhal' imizila ! !
 Wena Mbali ka " Zala,"
 Wakuthetha ngath' eNyangweni,—
 OReme sebetoshatosha.

Thetha ngosapho lukaPhalo !
 Kubizwe wena nje kubizw' indoda,
 Thina asikulileli sizel' imivuyo,—
 Sithi ungene kwelona khwapha lilikhwapha.
 Wasa kusilibal' eNyangweni.

Ncincilili ! Ncincililiii ! !

UTEBHA (HARRY TABERER)

Zibikelen' iintlanjana !
 Iintlanjana zibikel' izizwana,
 Izizwana zibikel' imilambo,
 Imilamb' ibik' elwandle ;

Intlanga zonke mazive,
 Kungabikh' usatya nobubi,
 Umfo kaTebh' uwelile :
 Khuzani kumk' umnt' omkhulu !
 Senivile ke bomaTshangana !
 Zikhulu zakwaGungunyana ;
 Senivile ke nani maZulu,
 Zikhulu zakwaSenzangakhona ;
 Nani maNdebele ni'ikelwe,
 Zikhulu zakwaMatshobana ;
 Umfo kaTebh' usishiyile :
 Khuzani kumk' umnt' omkhulu !
 Nanko ke mzi waseLusuthu !
 Ma'andl' akomkhulu kwaMshweshwe,
 BaPedi nani lilani ;
 Mzi kaMhlekaz' uSikhukhuni ;
 Nivisiwe mzi kaMoroka !
 Zinzwana zakuBarolweni ;
 Umfo kaTebha bath' ufile :
 Khuzani kumk' umnt' omkhulu !
 Khuzani mabandla kaPhalo !
 Zindwaluthondini zomthetho ;
 Zijorandini zomkhonkotho,
 Mabandla kaNyawuza !
 Mabandla kaDosini !
 Mabandla kaNtsele !
 Umfo kaTebha senimvile :
 Khuzani kumk' umnt' omkhulu !
 Kumk' inkunz' ezek' eziny' iinkunzi !
 Inkunz' emathol' azincoyinco.
 Int' emb' inkomo phantsi komhlaba ;
 Izidimbaz' ing' idimbaz' ihasa.

Kumk' isixhaso somhlaba nezizwe ;
 Kumk' intsika yobom nokuphila,
 Ngumfo kaTebha ke lowo mawaba :
 Khuzani kumk' umnt' omkhulu !

Lisok' elinenqayi laseShowe !
 USikhalima njalo kwaMzilikazi ;
 UBhijel' izizwe ngokweChanti ;
 Uyise weentlanga zeAfrika,
 Isikhulu sakwaNyhithi-nyhithi ;
 KwaQoboqo' o naseNqolonqolo.
 Ngumfo kaTebha ke lowo zidwasha :
 Khuzani kumk' umnt' omkhulu !

Rolan' iqhinga lokuphila !
 Madoda rolan' amacebo ;
 Zizakwambathiswa ngubani-na
 Namhl' iintombi zeAfrika ?
 Azakwambeswa ngubani-na,
 Namhla la makhosikazi
 Emkile nje lo mfo kaTebha ?
 Khuzani kumk' umnt' omkhulu !

Walalis' iintaba zaseTransvali
 Wadib' iinduli zelozwe,
 Aphel' amagqagala nemiwonyo,
 Zathi tse zonk' iindaw' ezigoso ;
 Waguqul' intlango yalikhaya
 De kwaguquka noMgulugulu,—
 Ngunyan' omfundisi ke lowo :
 Khuzani kumk' umnt' omkhulu !

Ubesigcinel' umsebenzi,
 Ethunywe kwa zinkosi zethu,
 Kwatheth' uSandile noGreyi,

Kwathiw' udodana malumke,
 Lumke luwa hiy' amakhaya,—
 Lo mfo k' ubekweso sithethe :
 Khuzani kumk' umnt' omkhulu !

Thina ke maXhosa siyazi,—
 Ubaw' akafile uhleli ;
 Kux' asasinge emandleni,
 Kux' ayekuthatha kwasemva,
 Thin' asinamnt' ufayo,—
 Ofayo ngoye kwa' adala.
 Ephuthum' amany' amacebo,
 Kub' amadal' esonakala !

Ihleli k' inkomo kaTebha !
 Yongamele yonk' imigodi ;
 Ngamandl' amatsh' aseNyangweni.
 Kunye nabadala bezizwe ;
 Namhl' elethu linye kuphela,—
 Silenza ngethemb' elikhulu ;
 Sithi kuwe ke Ndod' enkulu,—
 “ Uz' usikhangel' eNyangweni ! ”
 Ncincilili !!

UMFI UMF. S. PETRUS SIHLALI

“ Bazalwana sithandazeleni ! ”
 Thina maRa'e siya tila,
 Sibamb' izidlele,
 Simanz' amehlo,
 Sidumb' iintliziyo,
 Simagaz' izifuba,
 Sinezingqal' ezikhulu,

Simkelwe ligora :
UMfu. Simon P. Sihlali.

" Bazalwana sithandazeleni ! "
Nibe ningathini-na nina,
Ningumz' omalwangu,
Nashiywa ngumfana,
Eshiy' umzi wodwa,
Kuzel' iinkedama,
Nabahlolokazi ?
Lemk' elo khalipha :
UMfu. Simon P. Sihlali.

" Bazalwana sithandazeleni ! "
IDipende yonk' iya lila,
INgoji izel' iinyembezi ;
Umzi kaJumba uya lila,
Unkos' uLigwa uya lila,
UTHob' igunya uya lila,
URu'busana uya lila,
Namhlanj' usel' enxoweni ;
Ukub' ebengekh' uYesu
Singe sizijingisa
Ngokumka kwexhatha :
UMfu. Simon P. Sihlali.

" Bazalwana sithandazeleni ! "
Yini-n' uba sizikhoth' inxeba ?
Elomntu likhothwa ngomnye nje ?
Iyinja nje ezikhotha ngokwayo ?
Kusuke kuthi qatha :
Xa lo mfo aye kwiYunyoni
Akuthetha kuthi cwaka
Kudlisw' indlebe nengqondo

Walithath' uThix' elo xhanti :
UMfu. Simon P. Sihlali.

" Bazalwana sithandazeleni ! "
Xa kulapha ke sisenkungwini,
Asinamva namphambili ;
Asinakhaya nakowethu ;
Asinama nabawo,
Namhl' umzi weth' uphalele
Siya kuba zizineke
Emazants' amaziko,
Siphethukelwa zizikhuni,
Nangamanz' abilayo,
Siya kuba zidlubu kuphela,
Kumke uNozalā :
UMfu. Simon P. Sihlali.

" Bazalwana sithandazeleni ! "
Ndiya phetha ndiya yeka,
Hleze nithi ndiya lila
Ndingasemntu wakulila.
Ndibik' usapho lwaseDipende,
LukaNgcongolo noNyengana ;
LukaBhuluneli noVeldyan ;
Ndilubika kumadodana ;
Ndilubika kumthinjana ;
Ndilubika kumagqala ;
Nakumagqalakazi ;
Ndilubik' ezinkosini ;
Ndilubik' ezizweni ;
Ndilubika kumaKristu,
NakumaKristukazi ;
Ndith' uBawo wethu ufile :
UMfu. Simon P. Sihlali.

EDIKENI !!!

" Sukani nihambe kuba asiyindawo yokuphumla kwenu le "
Mika 2 : 10.

Amathole okuzalwa aseDikeni ngathi axelélene, abhalelana neencwadi avana kwelokuba nonyaka nje mayibe ngunyaka wawo wokugqibela kweli phakade lomkhohlisi uLusifa, athi nokwenza angashiyashiyani. Nditsho ngomfi James Gray, M.A. ; Maya Khoboka ; James Chalmers, M.A., B.Sc. ; noMajor Willie Geddes, O.B.E.

UJimmy Gray, M.A.

Lo mfo ndidibene naye ngo-1892, ndiphuma eStation School, ndiqala ukungena eSinaleni eLovedale, yena wayefundisa uStd. IV esaphumelele iMatyukulu (Matric.) savana kwa oko ncam. Ude wawela ukuya kufundela iM.A. phesheya,—wabuya xa zingozayo ngeyamaBhulu ; wabuya efunzele emsini ngomsindo omkhulu.

Lithe lakuxola wanguhloli wezikolo, nomphathi wemfundo eNatala. Ngunyana wento kaGray ke lowo ebisakuba ngumfundisi wabakhandi beengcwelo eLovedale ngemihla yamzuzu. Ndiyibekela ilitye eliMhlophe, eThekwini (Durban), le titshala yam ithandekayo, ndisithi :—

Hamba Mchachambana,
Mbotyi zaseNgilane ;
Kukufuph' eSkotlani
Kuseduz' eNatala.
Sicukujeje somfana
Wazal' iiNgcaphephe !
Nezichochombela,
Titshal' enkul' ezweni
Inga ngoD. D. kaStormont ;

Zona ke zafundis' iMbongi.
IMbongi yeSizwe nokwenza.
Ingento yakha yafundisw' iMbongi.
Hamba Chazachwenene,—
Lo mhlaba kade ngokaLusifa ;
Owethu ngulow' uzayo ;
Asindawo yokuhlala kwethu le !

UMaya Khoboka (Mrs. Msimka)

Le yintombi yoMnumzana uGovan Khoboka umPandla, igqira ; unina yinkosazana, intombi kuNqoro, kaDunjiwayo, umBhalu. Le mizi yomibini ingabaseki besinula yaseLovedale —yaziwa kulo lonke clo. U-Anti Maya (nje ngoko nabadala kunaye babesithi Anti besusela ku-Aunt Nomanga, unina) uzulekwe, wakhulela, wafundela, wasebenza wade wawcelekela eLovedale. Nakuye ndibeka ilitye elimhlophe ndisithi :

Ndiyez' eDikeni,—
Ndiyeza MamPandla !
Ntomb' akwaMbona
KwaTshayingwe.
Cwizi ngantwananye
Ukungandihlebeli ;
Wakuzuz' isimemo,
SeKomkhul' eliPhezulu.
Ubuyintaytyambo,
Andiqhuli kanene
Yomzi weLovedale.
Ubungumthombo,
Womzi wakokwenu.
Neembacu zamamPandla.
Ungumthi womNgxam,

Kumzi kaKhoboka ;
 Asindawo yethu le,
 Ewe, Aunt Maya !
 Yindawo kaLusifa ;
 Umphathi-hlabathi ;
 Woba yiNyibiba,—
 Kweziphezulu iindawo !
 Usaya kuba Mhle,—
 KwiParades' entsha !

UJames Chalmers, M.A., B.Sc.

*Lo ngowenzala yamaTshemese, akudala eGwali usbenze
 yatsho yagqusha indlela yeJ.C. kweli lizwe nemfundo yonke
 ephakamileyo. Elapho eSkotilani ulifanele ilitye elimhlophe
 lamaAfrika, esithi :*

Ewe ke Ngqovana,—
 Nogqwilili ;
 Qithi lamaqwili ;
 Gqozongwana.
 Khohlel' int' ebomvu ;

Thina maDike nonyaka,—
 Siya trayika kuSathana,
 Siya fuduka kwaLusifa.
 Gqodo gqwilili,—
 Ndee ja ngeentshiyi !!!

UMajor W. L. Geddes, O.B.E.

“ Ukuthi Meja Gedise
 Kukuthi eDikeni ;
 Ukuthi eDikeni
 Kuuthki Meja Gedise.”
 Aa ! Dimbaz' iinkomo !!

Ndokuthetha ndikugqibe phi ?
 Ndaye ndibe ndikuqale phi ?
 Kudala sakhula kunye ;
 Kudala safunda kunye ;
 Wen' unguDimbaz' iinkomo,—
 Saye singamaphanankomo !

Wena Ngxwenga yakwaNgxubula !
 Gotyi libal' amathuba ;
 Ndod' ezalwa bantu babini
 NguNobantu nokaGedise.
 Nt' eth' ukuy' eBhofolo,
 Ayaze yatshonela ndawo ;
 Yaba kuwel' iKhwezana,
 Ayaze yatshonela ndawo ;
 Yaba kuwel' uGontsi,
 Ayaze yatshonela ndawo ;
 Yade yajika yabuya,
 Ingakhang' itshonele ndawo !
 Nt' eyenyuk' apha yay' eRawutini,
 Yadal' izisele zcenkomo.
 Sadimbaza, sadimbaza,
 Sada sadimbaza nomnyhukulo.
 Ngulo nyak' amaded' azek' abafazi,
 Ad' azek' abafazi ngasixhenxe !
 Uyint' eyawel' apha ngeyamaJamani
 Yanyathela kwakany' elwandle,
 Elesibini latsho ngaphesheya.
 Wakhal' uKheyizala wabalasela !
 Wathi basithumel' amagongqongqo.
 Amazim okusidla krwada.
 Watsho wela ngophondo
 Yaphela loo mini imfazw' amaJamani !

Bulisani Makwedini!
 Bulisani Makwedini!
 Yithini nonke :—
 Aa,—Dimbaz' iinkomo!!!
 Ncincilili!!!

AA, LUSINGASINGA!!!

Dr. W. G. Bennie

“Konke akwenzayo wokuphumelelisa” (Ndum. 1 : 3)

ULusingasinga ngumdaka kaBhene,—
 UVeel' iimbombo zomhlaba;
 Uyise wentetho kaXhosa,—
 Enqunq' amabatha namakhwiniba;
 Angangqin' okaCingo nokaNdawo;
 Amathol' aseMpumalanga.
 Buza kokaMat'hikwe,
 Ubuze kokaMbangaeni;
 Amathol' aseNtshonalanga.
 Bayalaz' ithol' lomJingqi,—
 Int' ezingabuyi ngamv' edabini.
 UMagwaza ngemfund' eluhlangeni,
 Avike ngengwelctshetshe yevangeli.
 Goduka nto kaBhen' ufezile,
 Wagqiba woyisa kwancameka;
 Lusingsinga lujong' iinkwamba:
 Lukhamel' amanxeb' awophayo,
 Lubophe ngoMathanga wa eGiliyadi,
 Arashaz' a mathamb' ezi'alanjeni,—
 Libuyel' ithambo kwithambo lalo.
 Hamba mfo kabawo!
 Njengel' enk lu yak vaThixo!
 Ncincilili-Bham-Dovalele!!!

UMFI UGIL. TYAMZASHE

Hamba Nyongande kudlelana!
 Bekungena kwenzeka kakade,
 Ukungabikho komNgqika,
 Kwithekw' elingaka leZulu.
 Besisadal' amabhongo ngawe Gaga;
 Simis' amanxele namaxhaga;
 Sixel' iint' esiza kuzenza,
 Kwezentlalo yamakhaya,
 Kwezemfundo nobuKristu,
 Kwezombuso nezozilo.
 Saphangelw' eParadesi,
 Kuz' ubiwe ngobusuku!
 Hamba Rudulu Marazula!
 UThix' uya sebez' eZulwini.
 Ufun' amacebo kumaXhosa;
 Ufun' iincacholo neengcaphephe;
 Ufun' iingcungela neenkcubabuchopho;
 Bekufanele thina maNgqika;
 Bekufanel' amagor' amakhulu;
 Izala-kulandelwa-ngasemva.
 Afik' uYesu sesiphambili,—
 Ezakwenz' ingxelo yomhlaba.
 Ncincilili!!!



IV. IZIBONGO NGABAWELE IILWANDLE INGQUNQUTHELA YEZIZWE

UJohn Thengo Jabavu

Kha uqokele Njengel' enduna !
Kha uqokele Nqeber' enkulu !
Kukhe kwakuhle wakuwela,
Oko wabuya nenkwenkwezi ;
Bath' abanye yekaEdwadi ;
Zath' izizwe zabelana—
Ath' amaXhosa yekaNtsikana ;
Bath' abeSuthu yekaMshweshwe ;
Ath' amaZulu yekaTshaka ;
Ath' amaSwazi yekaSotshangana ;
Ath' amaNdebele yekaNobengula.
Phindela kwakhona Njengel' enduna !

Phindela kwakhona kwedini yaseMbo ! !
Zophela ngokwaz' iimfazwe zamakhaya,
Zoxel' umbethe kwakuvel' ilanga,
Zoxel' amagqabi kwakuvel' ubusika,
Thina maXhos' ikhwele saligweba,
Salichitha salitshisela nezindlu ;
Salingcwaba nothuthu lwalo.
Azi ngubani-na l'ulivumbululayo ?

Qabel' amanzi Njengel' enduna !
Qabel' iinduli zamanzi Thole laseNtla ! !
Khuph' ilang' emafini,
Yitsh' iindlebe ziphez' ukubethana,
Yitsh' amathumb' ayek' ukuxuxuzela,
Philis' abeva kunye neegusha

Yitsho kuse kwabajonge ngeentanyongo,
Thob' izandla kwabalibele ngumkhanya,
Ngazwinye nquml' ingxolo bawo,—
Nquml' intetho kwabamilomo ingangeyengcungcu,
Yitsho zivuthuluk' iingxabano zamakhaya,
Namhl' uzubuye nenkwenkwezi kaJoji,
Zizokukwaz' izizw' ukuhlomlelana.

Ncincilili ! ! !

UMAFUKUZELA (UDR. J. L. DUBE)

*"Lowo uwufumeneyo umphefumlo wakhe wolahlekwa
nguwo, nalo wo uwulahlileyo umphefumlo wakhe ngenxa yam
uya kuwufumana" (Matt. 10 : 39).*

Phindela Phesheya nto kaDube !
Phindela Phesheya Mafukuzela !
Nkamel' ethwal' iinzingo zeAfrika ;
Ithwal' iingxakeko neembandezelo zayo,
Ikhe yathwal' ezinye yaziphumeza,—
Yathwal' ezinye, ezinye, kwa nezinye ;
Thole lenkunzi yaseMpumalanga,—
Bath' ukuyibiza nguMafukuzela.

Phindela kwakhona Nyath' ematyhoboza !
Thole lesilo, thole leramncwa.
Nkunz' ekhonyel' iinkunz' ezikude.
Phesha kwemilambo naphesha kweelwandle ;
Nkunz' eth' ukukhonya yenz' umpongampo,
Ithath' izisind' iziphose ngasemva ;
Ikhuph' umnqambulo kwezinye iinkunzi,
Ibeth' elundeni kwizaphuselana.

Ndathanda tol' lohlanga ndathanda,—
 Lagquba ngothuli lijonge ngase "Ntla."
 Labeth' Ohlange kwaphuma ne "Langa,"
 Langqish' eRa rutini kwavel' i "Golide,"
 Babukel' oGumede naboRadebe,—
 Wafunz' okaThema nokaMakgatho,
 Yalal' enkonxen' iKolon' endala,
 Ishwatyaniwe nakukwaluphala.

Phindel' edabini nto kaDube!
 Ukuzalwa wedwa ngu "Mluwanyama;"
 IAfrika ayizalang' izalele phantsi;
 Nempundan' ekhoy' ibulew' intliziyo,—
 Yaf' ihamba yaxel' umkhonjane.
 Sibe kuy' egqireni lahlal' ishwangusha,
 Ichanti, nohili, nomgubo kaPhezulu;
 Sakunyuka nengalo lihla noNondyola.

Phindela Phesheya mfo wakwaSenzangakhona!
 Ndibev' apha isimbonono;
 Bathi, kwathi kwathi "Afrika Ma ibuye,"
 'De ndabuz' ukuthi: "Ningobani-na nina?"
 Unanamhl' andikeva mpendulo.
 Bholish' ikrikithi Langalibalele!
 Lent' asinguwo mdlalo ngumtywabulo
 Bholishani nzima nikhuph' iBhritani!

Awu! Laqumb' ithole lesilo sakwaZulu!
 KwaSithole, kwaNtombela, kwaMalandela.
 Namhla lifunzele koDyubhoyise;
 Kumadod' antliziyo zingaziwayo,
 Okhe walikhathaz' uya kutshiswa ngemililo;
 Kuya kuvuk' iimini zikaTshaka;
 Kuya kuvuk' iziphendu nezivondoviya;
 Kuya kuvuk' ingxoviya leZulu.

Awu! Laqumb' ithole lakwaJama!
 Lalahl' isonka lalahl' iinwele,—
 Lemka ngendlela lemka ngenkqayi;
 Lalahl' impilo kwanomphefumlo—
 Ngenxa yesizwe saseBantwini,
 Ngenxa yenkonzo yesizukulu.
 Uya kuwufumana won' umphefumlo,
 Ziya buya nezonka, iya buya nempilo.

Hamb' ubuye kakuhle Langalibalele!
 Wenz' iindaba zokubuya kweAfrika;
 La mathambo mhlawumb' angarashaza,
 Lith' ithambo liye kwithambo lalo.
 Buya kakuhle neso sitya sasemzini;
 Buya kakuhle naloo mntan' uphembayo;
 Ithini-n' imidondosholo yeAfrika,—
 Amadod' antliziyo zingaziwayo?
 Ncincilili!!!

UMKA-JOHN KNOX BHOKHWE

"*Lingaphezulu nakwikorale ixabiso lakhe*" (Mis. 31 : 10)
Kwiminyaka emashumi mathathu anesihlanu eyadlulayo,
unyana kaCholwephi, kaBhokhwe, kaNgxogu, kaMataka,
eMabambeni, kwaKwila, oziko lisemaMbalwini kwaLanga,
onguNokisi igama lakhe, ucele apha esinga kwelamaSkhotshi
Pheshya, esiya kuthungelanisa nokutywinela ubuhlobo phaka-
thi kwethu neso sizwe. Wabuya okunene,

Ethunge inqu,
 Watsho ngolwalwa,—
 Watsho ngoqilimba,—
 Lobuhlobo bukabuhlobo.

*Intsaphe yakhe se ide yavelawela, yafunda, yonwaba
yadlambadlambeka, yalibala. Namhla kuwela umkakhe,
intokazi kaSophothela iNgwanekazi, ukuya kumela ama-
Afrikakazi kwisidimbilili sabafazi bezizwe ngezizwe, bee-
ntlanga ngeentlanga abazukisa umkhosi woManyano lwata-
fazi beLizwi ogqiba namhla umnyaka wekhulu usekiwe
usebenza ezinyameni. Ngakho oko*

Awu-u-ul!!

Yakhuza neMbongi yeSizwe!
Ibon' amaphanya-phany' emibane;
Ibon' izivuthe-vuthe zemililo;
Ibon' iminyele neminyama,
Ibon' ukuwa kweenkwenkwezi,
Ibon' iinyikima zelizwe;
Ibon' imisi namadangatye;
Ibon' iimfazwe nama' eemfazwe;
Ibon' ukutsha komFrate!
Kuba "kulungisw' indlela,—
Yokumkani baseMpumalanga."
"Lingaphezulu nakwikorale
"Ixabiso lakhe!"

Sithumel' umAfrikakazi!
Sithumel' intomb' akwaNgwane;
Sithumel' iMfecanekazi!
Yophath' umkhontwan' omfuphi;
Ihlab' udiza nempakatha!
Iqengq' izigede Phesheya.
Sithumel' umfazi wendoda,—
Igora lendod' amadoda,—
Ingqanga yomBamba kwaKrila;
Indwaluth' asemaMbalwini—
KuloSuthukazi kaNkumpu,

KoSonto, Langa, noDunjwayo.
Ngoko ke Malitshe kaNqeno,—
"Lingaphezulu nakwikorale,
"Ixabiso lakhe!"

Azol' amaz' aseLwandle,
Adlaladlala nenqanawa yakhe;
Elinye laxelel' elinye,—
Elinye kwelinye, nelinye,—
Lithi: "Nik' imbekokaz' enkulu,
"Kulal' iziphunzi nameva,
"Kube liCamag' eliHle,
"Sinomnt' omhle phakathi kwethu."
Uth' ewelela Phesheya,—
Yab' ivel' eny' inzwana,—
UBhishop Smithi ngegama,—
Kwakuhle konke konke!
Ngoko Malitshe kaNqeno,—
"Lingaphezulu nakwikorale,
"Ixabiso lakhe!"

Izizwe zisus' iinzwakazi!
Zathumel' amahombakazi;
Zisuse nezityebikazi,—
Zathumel' amacikokazi;
Zisuse izilumkokazi!
Zathumela neemfundikazi;
Zisuse namagqirakazi!
Zathumel' iingcaphephekazi;
Zithumele izazikazi!
Nditsh' izinunza-nunzakazi;
Thina sisus' iNgwelekazi!
Omny' ewakeni labafazi!
Sathi, "Hamba mAfrikakazi!"

“Lingaphezulu nakwikorale
“Ixabiso lakhe!”

Uzungathethi nelimdaka;
Ungasimeli ngabuciko;
Nangantoni nangantoni!
Zusimele ngesidima, Mdunakazi;
Ngesithozela sakho Mdunakazi;
Ngesimilo sakhw' esihle Mdunakazi;
Ulixhatha lethu neqhayiya lethu;
Uyintsika yethu nodondolo Mdunakazi.
Usihombo nomxhaga Wendlovu!
Uvele wangunina kwelakwaPhalo!
UyiNgwelekazi Mdunakazi.
UyiNgwelekazi ngokwenene.
Ngoko, Malitshe kaNqeno,—
“Lingaphezulu nakwikorale,
“Ixabiso lakhe!”

Siyambongoz' uQamat' Omhle!
Sikuthandazela nzwakaz' enkulu.
Sithandazela namaSkhotshi;
Kunye nentsapho yawo yonke,
Ngamana wanomlilo namandla;
Umoyise nakwelo zwe uSathana;
Uvelis' umdla womAfrikakazi.
Ngamana wabuya kwakakuhle
Ufik' usapho lwakho luphila;
Usiza neziny' iintsikelelo;
Kongezwe phezu kokongezwa!
Lutsho lonk' usapho lukaPhalo;
“UMam' uza neziny' iingobozi!”
“Lingaphezulu nakwikorale,
“Ixabiso lakhe!!!” Nci-nci-ncincilili!!!

UNKOSAZANA MINAH THEMBEKA (Intokazi kaRulumente Philip Soga)

“Wathi uDyafta Yininale, ntombi yam!” (Gwebi 11 : 35)

Wawel' uNomagaxa-gaxa!
Yawel' iNkosazana,
Intomb' akwaDlomo komkhulu;
Umafungwa ngabaThembu,—
KwaZondwa kwaMadiba.
KwaHala nakwaNdaba;
KwaCedume nakwaBhomoyi.
Waxelelen' amaz' olwandle,
Namhl' ev' isifuba seNkosazana,
Qobokazana lingalalanga mzini,
Lingalal' emzini lilahlekile!!!

Hamba Thembeka ntombam!
Ujonge eMpuma bejonge eNtshona;
Wajonga kwicala lezazi!
Hamb' uzubuye kakuhle,
Nokungabuyi kusalungile,
Kwabuy' abaneempondwana!
Usale wen' usikhonzela,
Ukhonzela thin' ezizweni.
Wawel' uNomagaxa-gaxa!
Intomb' engubo zimgxashe,
Zivak' iinkokeli neenkosi.

Lalani zinduli zolwandle!
Phantsi konyawo lomNgqikakazi,—
Umti' omhle owasukw' eMgwali.—
EQwanti naseNgquleni.
Wev' umfutho woSongcangacashe,—

Ye bhuu amabele kweleMbokothwe ;
 Yeza ngobulawu kwelakowayo,—
 KoBonkolo nomaXonxa ;
 KoziNdwana nomaCacadu ;
 Njengelekaz' akwaLukhanji !
 Njengelekaz' akwaThixo !!!

Zuzixcelel' izizwe ncentlanga,—
 Thina kwaNtu besihlala noThixo,
 Sisity' esandleni sakh' esihle,
 Sisalusa sithombisa
 Sizeka sisendisa ;
 Ehambahamba phakathi kwethu
 Simnyusel' amaDini nemibingo
 Esezel' amanqath' enkomo zethu ;
 Imimang' izele izivivane,
 Iimvula zazisin' imivumbi.
 Sikholwa kuvuko lwabafileyo !!!
 Ncincilili !

V. INGQOKELELA

AA, ZWELIYAZUZA !

ITSHAWE LASEBHRITANI

NgumZimb' uyaqhum' elokubuliswa ;
 NgumZimb' uyavuth' elomteketiso ;
 NguZweliyazuz' elibizwa ngasemva ;
 NguTshawuz' imiban' elibizwa yiMbongi ;
 Sinnika !

Phumani nonke nize kufanekisa !
 Phumani zizwe nonke nize kufanekisa !
 Sisilo sini-n' esi singaziwayo ?
 Singajongekiyo singaqhelekiyo ?
 Yaz' ithi kanti yile nabulele ;
 Isilokaz' esikhulu seziziba ;
 Yaz' ithi kanti ngulo Makhanda-mahlanu,—
 Inyok' enkul' eza ngezivuthevuthe ;
 Yaz' ithi kanti ngulo Gilikankqo,—
 Isil' esikhul' esingaziwa mngxuma.
 Lent' umzimb' uya qhuma ngathi liziko ;
 Lent' umzimb' uya vutha ngathi lidangatyé ;
 Lent' iqhuqhumb' iintlantsi ngathi nguSindiya-ndiya ;
 Lent' itshawuz' imibane ngathi sisibhaka-bhaka ;
 Sinnika

Nalo lisiz' iTshawe leBhilitani !
 Inzala yenyathikaz' uVitoliya ;
 Inkazan' ebuthixora kwizwe lakwaNtu,
 Ebumoyara, butolara, bugqirara.
 Nants' isiz' ikwekwe kaJoji wesiHlanu ;
 Yez' emadodeni ikwekw' aKomkhulu,—
 Umdak' oliso litshawuz' imibane ;
 Lithi lakukujezul' ung' ungaphanyaza ;

Umdak' osabuphotyo-butyatho ;
 Unga nganabomi wakuwondela ;
 Kok' ithol' leramncw' alondeleki—
 Nabakhe balinga bajub' isiduli.
 Yez' inkwenkw' omgquba yomthonyama !
 Yez' ixhom' izindwe yaxhom' ugijo ;
 Yez' ifak' umnzunga yafak' iphunga ;
 Yez' itsho ngezidanga nezidabane ;
 Yez' itsho ngobumbejewu bobuhlalu ;
 Yez' inobulawu nobuqholo ;
 Yez' inetyeleba nezifikane ;
 Yez' inomtho nomthombothi ;
 Yeza ngobungwe nobungwenyama ;
 Yeza bugcolocho buchoko-chokozo !

Sinnika Lawundini !

Taru Bhilitan' eNkulu !
 Bhilitan' eNkul' engatshonelwa langa ;
 Siya kumthini-na lo mntwan' oKumkani ;
 Siya kumthini-na lo mntwan' omHlekazi ;
 Kha niphendule nani Zintaba zezwe lethu !
 Nani milambo yakowethu kha nithethe !
 Maz' aselwandle kha nimthule kambe,—
 Mthuleni maz' aselwandle !
 Sikhe simbone, simjonge, simlozele ;
 Ibilapha nenkwenkwez' enomsila ;
 Angaba yen' usekhondweni layo.
 Ibize kwabakwaPhalo kaTshiwo ;
 Ibize kumaZulu kubeSuthu ;
 Ibize kumaSwazi kubaTshwana ;
 Ibilundwendwe losapho lukaNtu !
 Kub' uYehov' uThix' uya lawula,—
 Uya thetha ngendalo yaKhe.

Uya wakhawulezis' amaxesh' aKhe !
 Taru Langa Liyakhanya !
 Uphuthum' inkwenkwezi yakowenu-na ?
 Thina singumz' owab' inkwenkwezi ;
 Nalo kamb' iKhwez' inkwenkwez' akowenu.
 Sibambana ngeSilimela thina,—
 Yona nkwenkwezi yokubal' iminyaka,—
 Iminyaka yobudoda, yobudoda !

Hay' kodw' iBhritan' eNkulu,—
 Yeza nebhottle neBhayibhile ;
 Yeza nomfundis' exhag' ijoni ;
 Yeza neruluwa nesinandile ;
 Yeza nenkanunu nemfakadolo.

Taru bawo, sive yiphi-na ?
 Gqithela phambili 'Thol' lesilo !
 Nyashaz' ekad' inyashaza.
 Gqitha, uzubuye kakuhle,—
 Ndlalifa yelakowethu.
 Makadl' ubom uKumkani !
 Ndee ntsho-ntshobololo !!
 Ngokwala nkwenkwezi yayinomsila !!!

IMBUTHO YAKWA BHULAYI

" Ukukhunjulwa kwelungisa kuleli kunentsikelelo."

Wena ke wakwaJili,—
 KwaMasengwa kwaMasingawothi,
 Wena silo saseNtlangwini ;
 Kha usivulel' inkundla sithethane,
 Sibonane noko sisele kweentaba
 Abafana Gasela basivusel' amalunda,

Basivusel' igaz' elibi;
 Kwa namanyam' obudodana.
 Khon' engathethanga ngoBhulayi:
 Ingqang' aseLuxwesweni,—
 UGqubuthel' amagqira ngeminqwazi,
 Kuz' aphum' imihlola namashologu,
 Kha nitsho maxheg' asemaMfengwini,
 Natsh' imihlana ngasici sini-na ?
 Khon' ungathethanga ngokaMabhidlili:—
 Ingqondoy' enkulu, uNywebethu yeMfengu;
 Ndlu zeengxande zimenz' imixhaga;
 Umqingqi mazibuk' eNciba;
 Umseki welasemaMfengwini,
 Nezikolo namabhung' azo.
 Krazuka sifuba wafa nguRili!
 Khon' ungathethanga ngokaRoss;
 Umyeni wakhulu kwaNaphakade.
 UVula ngengqele, uGqobh' eDikeni;
 Umfumbi wamaty' ezivivane,
 Egec' indlel' ey' ezulwini.
 UmaDiliz' iintaba zoluNdi;
 Aphumel' iTye likaNtunjambini,
 Abuye ngokugqogq' iNgqeqe noManqulo.
 Khon' ungathethanga ngoSomgxada:
 Inyashaza yaseNyasa naseMombasa,—
 Intlaba-mkhosi kuQelekequshu!
 Hayi makwedini niya ndithethisa,—
 Kuba nithi mandithethe ngezikhhotshi,
 Amathol' onoTyalana noNozikhakhana;

Kanti sisaya kuthetha phambi koThixo;
 Mhla siya kunikel' umbululo wethu kuye;
 Uya ndiva-na mfondini kaMphahlwa,
 Kha ucebise ngokweento zoZilo!
 Uyeva-na kaSotashe nokaSophethe;
 Uya ndiva-na mfondini kaNtloko,—
 Mfondini kaMatheza nokaMbuli;
 Sisenemin' enkulu ngaphambili,
 Phambi kweNjombor' enkulu yakuloMazulu.
 Hina mfondini wasemaJwareni!
 Wena ke mfo kaNjjikelana,
 Yek' uStormont azonwabele,
 Ngumntu wokuyekwa kub' ukhohlakele;
 Benisithi makathini-na nina ?
 Wena ke Mphamba wakwaDlangamandla!
 Uya mgungqisa-na naw' uStormont ?
 Amathamb' elungisa niya wazi-na ?
 Hina Gasela mfo kaXabanisa!
 Nawe thol' lakwaZulu kaMalandela!
 Kukud' eMzinyathi asiyi kufika,—
 Namhla kwangen' iNkandla neTsomo.
 Imilamb' ebihlel' isukelana.
 Watyaph' ukuwuhlaba mfo kaMatanga!
 Matang' anembombo nemivilambo;
 Wakuphath' intonga mnta kaThikoloshe
 Ubona nj' uya zondw' ezilalini,
 Athi kalok' amaXhosa,—
 "Wen' unento yokwenza nabafazi bawo."
 Watyapha bawo nto kaGodfrey!

Umkhos' ofikele ngaseMpongo,—
 Ngasengcwabeni likaNdlambe,
 UStormont iMbongi eSizweni;
 Kok' umf' uqheleni nezihange;
 Wazana noBhakaqana noMgulu-gulu.
 Imaz' enethole nto kaGodfrey;
 Mfo wasemaHlathini kuMtshiza!
 Hayi bafondiri basemaMfengwini!
 Thina maXhosa nakusigxeka sakh' umkhanya;
 Iimin' ezinje zisivusel' ezinye.
 Kub' oluny' unyawo belusesemqolombeni.
 Nithini-n' ukundivusel' ubaw' uStormont,
 Nimenz' isiThomb' ibe nguye kanye,
 Intlanz' enelunda enelunda yaseGobozana,
 Thoba nkwenkwezi ndibambelele.
 Kunye kade kuthiwa ndinokwazi;
 Az' ufun' ubulumk' ungabufumana-na,
 Bunje ngolwandl' int' engenampelazwe.
 Azi benzani-n' abafana bamaMfengu?
 Bamgungqisela ntoni-n' ubawo,—
 Bekhumbuza ntoni-na ngaye?
 Azi bomthatha-na ngesimilo;
 Bamthathe-na ngobunyulu nosizi;
 Bomthatha-na ngesandla nenkqubela;
 Kuba kungenjalo ngamachithi;
 Kuya kuqhawuk' imbelek' esizweni!
 Oloyi Mahotyazana!
 Namhla nibon' iint' ezinkulu,
 Namhla uv' iint' ezineziq;
 Ndakhe ndadlala neentombi zeKapu
 NezeNgxam nezeNgxobongwana;

Khe sabhantsana nezeSiyikili;
 EzeSitwayi nezoMphunzisa.
 Namhla sendihleka nezeyamaBhulu,
 Sitheth' imvano nezeyamaJamani.
 Oloyi Bantakama!
 Ngubawo lowo nimkhedameleyo,
 Yindod' endizalwa yiyo,
 Yindod' ezala mna,
 Mna ndizelwe yiloo ndoda!
 Ndukw' am andikumbeth' umaNtambo,
 Ndakuthini-n' ukubeth' inyinga ndilelinye!
 Ngwevu zasemaTolweni zilwa ngecuba,
 Ith' enye malidwatywe livuthiwe;
 Ith' enye hayi mntakamame lisekwada.
 Bhota Mfundisikazi Mrs. Stormont!
 Maz' akowethu yasebaThenjini,
 Maz' enxakam' eLuxwesweni;
 Yakuv' ukutshisa kwamabele,
 Aphum' amathole kwimbombo zone.
 Kwaphum' imidaka nemidakakazi,
 Imidondosholo nemidondosholokazi,
 Imaz' elil' embambeni yehlathi,—
 Imaz' egungq' engcwabeni lendoda!
 "Guqukani nyana babantu!
 Guqukani ntombi zabantu!
 Ngokub' ubuKumkani bamazulu busondele!"
 Ncincilili!!!

UKUKHUTSHWA KWESUTHU EKHOLEJINI

"Kwathiwa igama laloo ndawo yiGilgali unanamhla"
(Yosh. 5 : 9).

Mna namhlanje andithethi nto,
Mna namhlanje ndamulekile,
Ndijong' umjikelo wevili,
U" Khawulezis' amaxesha " igama layo.
Sinnika !

Ndihlab' umkhosi kumadoda,—
Ndithi qula size kusoka ;
Ndithi qula size kuyala !
Ndihlab' umkhosi kubafazi,
Ndithi bhinqa size kusoka ;
Ndithi bhinqa size kuyala !
Namhlanje sikhuph' amadoda,—
Antliziyo singazaziyo ;
Namhlanje sikhuph' amagora,—
Iint' ezingangangazeliyo.
Yizani neemela needosha ;
Niqhube neebhokhwe neegusha.
Yizani nezipho ngezipho,
Yizani neengubo nezityo ;
Ningazilibal' izikhali,
Kunye namazwi abukhali.
Vuman' iGwatyu noSidyume !
Uhlamb' umHobe sidume !
Namhla sikhuph' impi yemfazwe,
Yizani ilolwe, ibazwe !
Siza kuyithwalis' ilizwe,
Phathan' amalizo ilizwe ;
Phathani kunen' izixhobo,—
Ilizwe lizele lubobo !

Namhlanje sikhuph' amadoda,—
Antliziyo singazaziyo.

Sinnika !

Litsho k' ilizwi kuwe mnini-Suthu,—
Litsho kuwe Manz' emvula,
Thol' lesilo seNtaba ;
Fafalatela elibizwa yiMbongi,
Kub' efafalatela ukunyathela ;
UMabizwa yingadla yexhwele,
UMagxak' ixhwele lakwaVuba ;
UMalingiswa ngomhlabela,
Ngentla nangezantsi kwedolo ;
Thetha kuqhutywe uthini-na namhla ?
Siya bulela !

Mandize kuwe ke nto kaLekenisi
Bhoxothi lixhama,
Sityhida yinyathi,
Nkunz' ebhokhwe yimpongwana,
Gcamkhondwan' ukuvel' eNqamakhwe ;
Bant' abandithandi beva ndinani ?
Nonyaka ndodla kumadoda,—
Kub' abafazi bathi ndiya waxel' amahlebo
Ngqongqotho yekhankatha,
Thetha kuqhutywe ziya wathini-na namhla ?
Siya bulela !

Mandize kuwe nto kaDalo :—
Rolo-rol' elikhulu laseKholejini,
Umazela phi-na wen' uMshweshwe ?
Wawumbone phi-na wen' uNtsikana ?

Ukhe wabika-n' emaziko ?
 Ukuthi kuphum' abafundisi ?
 Makuziwe neekhala nemithika
 Kuphathw' amaculo nemiQulu ?
 Ungafanel' ukuba namandla kwedini,
 Uneenkwakhwa zimbini zikufukamele,
 Siya bulela !

Iphi-n' into kaKaventri ?
 Intlanz' enetshoba yaseDidima ?
 Ijub' eBhakubha,—
 Ihlanganyelwe zezinkulu,—
 Iint' ezinamandla zaseBhajane.
 Siya bulela !

Siya wabulel' amabandl' oNotyalana,—
 Siya yibulel' iKomishoni kaNdabeni ;
 Siya mbulel' u'aw' uSomgxada ;
 Siya libulel' iBhunga eMthatha ;
 Siya mbulel' umfo kaHendisini ;
 Sibulel' akhoyo nangasekhoyo —
 Sibulel' uBhokhwe nokaJabavu
 Sibulel' uDyobha nokaThunyiswa,
 Sibulel' uMhlala noSobikazi,

Ziya tsh' iingijo nemixhaga ;
 Ziya tsh' iingubo nemithika ;
 Ziya tsh' iingcaphe nezigodlo ;
 Bhekan' iya tsh' indlu makwedini
 Bhekan' iya tsh' iKholeji !
 Kok' itsh' inabantu phakathi.
 Kuwe ke mfo kaMatshisi :
 Thole lesilo sasezintlangeni,
 Ndee ram vumba labhokhwe !
 Kuwe kwedini kaNcwana :
 Mashwabad' owashwabad' inkomo,
 Washwabada neempondo zayo.
 Kuwe ke nto kaNzotyana :—
 Kuthiwa yiya kwaGompo,
 Kwinoxowa likaNxele
 Inyath' ibuzwa kwabaphambili.
 Wobuza kokaPhamla ;
 Wobuza kokaRubusana.
 Hamba thol' lesilo saseTsonyana,
 Bhuru kaKhauta,—
 Atsh' amadoda !

Wena ke Wilsini kaNdibongo :—
 Qekele—Bhomale,
 Kuthiwa uix' eThora kumaZizi :

Ungumpostile weentlanga,
Kwiinyawo zokaTyamzashe,
Owasihlahlela loo ntsimi
Siya kukondela, silind' isivuno !
" Efata ! "

Atsh' amadoda !

Wena ke mfo kaXokozela :—
" Ebhinizare
" Kude kwalapha ! "
Phantsi kweentaba zoNdi
Kwingqushu yokaBhokhwe,
Hamba Dlamini' omhle kunene,
Omhle ndlebe zombini,
Nants' intshinga yengub' am'—
Zugcin' ekaKristu kakhulu !
" SisaNdlulube Dlamini ! "

Atsh' amadoda !

Wena ke mfo kaHongo :—
Uyintang' emadoda ke wena,—
Uya kwingcwaba loKumkani,
ULwaganda unyana kaMlawu.
Wofik' elaph' amakhwange
Ziinkomo zengcwaba ke czo ;
Uzudl' amavo kwelo xhego
Ungacekisi zinkcwe zalo.
Nalapho kwelo lakwaZulu
Kwelo zwe lakwaNtabamhlophe
Wema kuloo ndaw' u" Mabuhle " ;
Elwel' uLangalibalele
Inkos' enkulu yamaHlubi ;
Uzume kakuhle ke nawe.
Phatha nang' umsimelelo,—

Zugcin' onguKristu kakhulu
" Ungabheki ngasemva."

Atsh' amadoda !

Wena ke mfo kaKhumalo :—
M—Jingqi,—
Ngubo luwalala ;
Yidl' umng' uqhelisele,
Ungumntu wenkos' ezondwayo.
" Ungajong' ubuvuvu ! "

Atsh' amadoda !

Awu !
Ndabon' amadala ndacaphuka :
Kamnandi nto kaSikhutshwa,
Siya bon' aph' eludakeni ;
Kamnandi Gasa kaMiza,
Kamnandi nto kaLetsoalo !
Hay' ke beth' ukuzal' amadoda
Azi baphi-n' onina baba bantwana ?
Ngeziggakadul' iintombi zamaHebhere.
Kamnandi bafo bam jikelele !
Ngokunizala ndandizolula ;
Namhla lonke liyahlokoma,
" Vuthelani ixilongo nina bantu Bakhe
Leyo nqwelo yezwi Lakhe mayihambe yona."

" THABA NCHU "

Ntaba Mnyama ! Ntaba Mnyama !
Ntab' elizwe elimnyama ;
Ukwa namahlath' amnyama,
Neentsunguz' ezimnyama,
Ungqongwe ngumzi omnyama,
Uvelele neminyama.

Ntaba Mnyama ! Ntaba Mnyama !
 Itsho imidak' emnyama ;
 Uthandeka ngokwenyama,
 Woyikwa ngokwengonyama,
 Ngabo bakhe bakwalama,
 Ngokombengo wentsonyama.

Ntaba Mnyama ! Ntaba Mnyama !
 Akunguy' uNomnyama ;
 Unodumo olukhulu ;
 Nangeemfazwe ezinkulu ;
 Ngemilambo emikhulu ;
 Nemiqhokro emikhulu.

Ntaba Mnyama ! Ntaba Mnyama !
 Uneenkungu ezimnyama ;
 Unegama elikhulu ;
 Kwakwiinkosi ezinkulu ;
 KubaRolong' abakhulu, —
 NoMoroka izikhulu.

Ntaba Mnyama ! Ntaba Mnyama !
 Namhla lonk' izwe l'mnyama.
 Abadala abasekho ;
 Iinkosi zakhw' azisekho
 AbeSuthu abasekho
 Kwa noMshweshwe abasekho.

Ntaba Mnyama ! Ntaba Mnyama !
 Xa ukhoyo akumnyama :
 Ubufudul' ulikhaya, —
 Nanamhlanj' uselikhaya.
 Intsaph' ibuyel' ekhaya, —
 Yamkele ingen' ekhaya.

Ntaba Mnyama ! Ntaba Mnyama !
 Ayadlul' amafu amnyama.
 Izizwe sikhonzisile ;
 Sizondlile sityisile ;
 Kodwa zona zijikile, —
 Nawe loo nt' uyingqinile.
 Sala kambe Ntaba Mnyama.

Ntab' emnyam' emandl' amnyama !
 UmDali wakho umkhonzile ;
 Imiyolel' uyenzile ;
 Wabagcin' abaRolweni ;
 Neenkosi zabaRolweni ;
 Hlal' uhleli Ntaba Mnyama, —
 Ad' abuye uYongama !!!

“ THABA BOSIU ”

Khaya labeSuthu !
 Khaya lethu beSuthu !!
 Likhumbulen' ikhaya labeSuthu !!!
 Zikhumbulen' iimini zamzuzu, —
 Iminyakan' elikhul' elinama-20, —
 Thina beSuthu besingenaKhaya ;
 BesiziMpula zikaLujaca !
 Sixel' iinyamakazi zasendle, —
 Sityhutyh' amatyholo namahlathi.

Safika eNtaba Busuku,
 Silandel' okaMkhatshane ;
 Indwebi yendod' enethongo,
 Salandel' inkwenkwezi yayo, —
 Ethe kanti yeyenyano.
 Sazuz' ikhefu sazinza ;

Sazuz' ubuntu samila ;
 Baphela bonk' ubunyamakazi.
 Sazigxoth' izizw' emva kwethu ;
 Saty' amaxhoba saphila.

Ntaba Busuku ! Ntaba Busuku !
 Wawulinde bani kakade ?
 Wabekwa ngumDali kwelo zwe,—
 Wanyamezel' iingqele namaqhwa ;
 Ungayaz' into obekelwe yona ;
 Kwathiwa, " Hlal' ekulindeni ! "
 Zadlul' izingwe neendlovu,
 Zadlul' iingcuka neempungutye,
 Wahlala wen' ekulindeni !
 Wahlala wen' ekulindeni !

Wangqungquth' okaMatshobana,
 Ebon' ixhoba ngaphezulu,
 Zehl' ezulwin' iimbokothwe,
 Wasindis' ubomi bakhe !
 Wavel' uMoroka phezulu,
 Wacel' inkonzo wayinikwa ;
 Yaphil' intsaph' abaRolong.
 Wavel' uKatikati nomkhosi,
 Wabethw' eThaba 'Nchu wancama,
 Sahlal' eNtaba Busuku.

Avel' amaFura neLizwi !
 Ez' epheth' uxolo wona ;
 Agxumek' isibane phezulu,—
 Isiban' esingacimiyo.
 Lavuth' ityholo alayeka
 Kwazal' ukukhany' eluSuthu,
 Wagcakamela uMshweshwe ;

NoLetsia noLetsianyana ;
 Wagcakamel' uGrifisi !
 Bagcakamel' oMasupha.
 Zavel' izizwe zakhonziswa ;
 Lavel' iLizwi lamkelwa ;

Zavel' iintshaba zachithwa ;
 Ema burne amaBhulu,—
 Aqhawulw' iintamo ngezixengxe,
 Akhalis' izulu lezandla,—
 Yakhusel' iNtab' obusuku.
 Aphel' amandl' ezinandile,
 Wakhul' uElenbheja,
 Netyholo likaMabille ! !

Wavel' uSpriti ngegunya !
 Wadal' iNtoa liThunya ;
 Zehl' iimbokothwe zivel' ezulwini,
 Zehl' iiponi namadodana ;
 Zasebenz' izixengxe kwa khona ;
 Izembe lasus' intlok' emagxeni.
 Wela ngophond' uSpriti !
 Yawel' ulwandl' inkabankaba,
 Inkabankab' amaxhalanga.
 Namhla siphethwe phesheya,—
 Sitsh' okaMkhatshane ke xa sitshoyo !

Makabulelw' uQamath' omhle,
 Owasidalel' uThaba Bosiu ;
 Wasenzel' ikhaya kuyo.
 Mayifund' intsaph' abeSuthu,
 Ifund' ukubong' uYehova ;
 Ikhumbul' iimini zakude,
 Ibuz' imvelaphi koYise !

Mayim' imi iNtab' obusuku !
 Ilal' imibethe yezulu,
 Id' ifik' imini yeemini ;
 Zixolelw' izono zayo ;
 Ihlale neNtab' eZiyone !
 Kunye neeKherubhi zezulu !
 Amene, Ewe, Amene !!!

ESANDLWANA

*"Sivumelen' ingom' amadoda,
 "Ingom' okufa nokuphila kohlanga.
 "Olahl' umphefumlo wozuzana nawo ;
 "Ogcin' umphefumlo wolahlekwa nguwo."*

ESandlwana ! ESandlwana !
 Sikhe sanomdlal' omkhulu ;
 Sanendabakazi emnandi !
 Kwakudlal' amaqhaj' amadodana,
 Aziqula nazigalo,
 Ngobugantshintsh' obukhulu,
 Nangamandla namagunya ;
 Yoz' ithethe lukhulu loo ntatyana,
 Min' ivul' umlomo wayo
 Bekuyizolo nezolo,—
 Nezolo nezol' elinye !

Nisakhumbuza ntoni-na ?
 Min' ilanga laphanyaza ;
 Wath' umhlaba wanyikima ;
 Zadidek' iingqondo zeengqondi,
 Lwaphalal' ulwazi lwezazi ;
 Bakhul' ubulumko kwizidenge,—
 ZakwaSishak' asishayeki,

Lemb' leqa amany' amalemba !
 Kwafakw' enye emva kwenye,—
 Emva kwenye kwafakw' enye !
 Bekuyizolo nezolo,—
 Nezolo nezol' elinye !

Kwavel' umfo phesha kolwandle !
 Weza ngegunya nendelo ;
 Wacim' izithethe namasiko ;
 Wakhathaz' uZul' ezihlalele ;
 Waqumba kakhul' okaMpande,—
 Imbumbul' ecim' umulilo ;
 Indlov' enebatha yaseLundini ;
 Wathum' amabutli' ukubuz' invelaphi,
 Adl' omnye kwanomnye,—
 Adla lo, nalo, nalowaa !
 Bekuyizolo nezolo,—
 Nezolo nezol' elinye !

Wavel' uNtshingwayo phambili !
 Ekhusel' umhlaba kaZulu,
 Eth' iAfrika mayibuye !
 Ay' ecim' ilanga amabutho ;
 Nalamatyholw' angandingqinela ;
 UManz' amnyam' uyayazi loo nto ;
 Kub' amanz' akh' aba ligazi ;
 Ungandivumel' uMzinyathi ;
 Kuba wawubona ngamehlo,—
 Uyiv' ingoma ngeendlebe.
 Bekuyizolo nezolo,—
 Nezolo nezol' elinye !

Watsho phakath' uVumandaba !
 Enegor' uDabulamanzi ;

Wafak' ibuth' emva kwelinye !
 Zada zadiban' iimpondo zombini.
 Wadl' uMxhapho noMbonambi.
 Satheth' isikhumba senkomo,—
 Sathi golokongqo—gongqo-gongqo,
 Gongqo, ngqo, gqwangu-u-u !
 Yaphendul' intong' enkone, yathi,—
 Dawu—Dawu ! Da-dawu—dawu !
 Da-da-dawu ! Da-dawu-dawu-u-u !
 Zakhal' iimpinza zathi Mpii-nampii !
 Mpii-ii ! mpi-mpi-mpi-nampi-ii !
 Zawasebezel' ezindleben' amadoda,—
 Yaw' imikhuthuka macal' omabini !

Bekuyizolo nezolo,—
 Nezolo nezol' elinye !

Watsaz' umphefumlo wendoda !
 Umphefumlo ligaz' endodeni ;
 Wathi tswii wasinga phezulu !
 Yenz' idini lesizwe nohlanga ;
 Ihlwayel' ukufa kuz' ivun' ukuphila !
 Yadl' intong' etsolo ngclayo,—
 Yathi kram, kram, kra-kram,—
 Kr-r-r-am ! Kram, kr-r-am-m !
 Waphendul' umbayi-mbayi ngelakhe,—
 Wathi bholokodlo—bhodlo-bhodlo-o-o !
 Bho-o-o ! Bho-o-o ! Ho-o-o-o ! Ho !
 Bekuyizolo nezolo,—
 Nezolo nezol' elinye !

Awu ! Mfondini kaSirayi !!!
 Yeka sife kade sibona.
 Kad' isitsh' imfakadolo ;
 Kade sikhal' isinandile ;

Kad' iruluw' ihlohl' iimpumlo ;
 Kade sibetha ngengqanda ;
 Ngentshuntshe nangekrwana ;
 Yizani sihlamban' iinduma,
 Woza Dlokwe nawe Gqikazi !
 Woza Khandampemvu nawe uVe !
 Woza Sangqu neMbokothw' ebomvu !
 Igazi leWundlu litheth' ezoxolo.

Bekuyizolo nezolo,—
 Nezolo nezol' elinye !

Wozani maBhritani sigezan' izingozi !
 Khandani izixhobo nizenz' amakhuba.
 Sahlulwe besilinga sizama ;
 Sibon' ukuthi kutheth' Ongaka :
 Wathi masahlulwe sizuz' imfund' entsha ;
 Sizuz' amandl' amatsha ;
 Sizuz' uzal' olutsha ;
 Siphenduke sibon' uthando lwaKhe ;
 Silw' iimfazwe zendodana yaKhe ;
 Uth' umHlekazi uNkulunkulu,—
 Yizani siqubude kuKristu iNkosi !
 Ncincilili !!!

AMAGAMA OMCEBISI

Bhota Mcebisi, mfo wakwaMbona !
 Uthe kanti ungumPandla,—
 Umfo wakwaTshayingwe ;
 Mcebisi Wohlanga, Mcebisi Wolimo ;
 Mcebisi wamadod' afuy' iinkomo ;
 Mbongi mazikhwelelane,—
 Kuba zidla ngokukhwelelana,

Namhl' uthethwa yiMbongi yeSizwe :
 Thetha Lawundini! Uthethe wophele,—
 Kukude kwaMdange asiyi kufika!

Bhota Mcebisi! Bhota Lawundini!
 Ubuphi-n' izolo nezol' elinye?
 Nditsho ngoNongqawuse nangoQilo?
 Nditsho ngoMphunzisa nangesiTwayi?
 Akubonanganto ke wena,—
 Amadod' egunuz' amaQobo;
 Abafazi betshel' eziNongweni;—
 Amakhwenkw' ebhitvel' emaGontsini.
 Thetha Lawundini! Uthethe wophele!
 Kukude kwaMdange asiyi kufika!

Bhota Mcebisi! Bhota kwedini!
 Uwafanel' amagam' aphum' emfuthweni;
 Ufukanyelwe zikhwatsha neenkwaKhwa;
 Into kaWelsh ikufukamele,—
 UZam' uxolo, uZola ngamaxhaga
 Ingqang' aseMpheko, inkulu yeMantyi.
 Into kaHughes ikufukamele,—
 Ukhozi lwasezaxanga,—
 UMongameli woLimo neMfuyo.
 Thetha Lawundini! Uthethe wophele!
 Kukude kwaMdange asiyi kufika!

Bhota Mcebisi! Bhota Mfondini!
 Ndifike kwaTsolo kokaBhotlani,—
 Ndafika kwimbuzu-mbuzu;
 Yath' imbuzu-mbuzu yandibuz' ingqonde-ngqonde
 Yath' ingqonde-ngqonde yandidal' imbonde-
 mbonde;
 Yath' imbonde-mbonde yandidal' iyendle-yendle.

Cebis' amaMpondo namaMpondomse
 Cebis' amaBhaca namaXesibe.
 Thetha Lawundini: Uthethe wophele,—
 Kukude kwaMdange asiyi kufika!

Bhota Mcebisi! Gasa ngeSikhwebu
 Xelela izizwe iphelil' iMana;
 Fundisa ngongxawu ngevili nesithende;
 Thetha ngesikali nangeempondo zombini;
 Thetha ngeTuforel nangonoLanti;
 Ungayilibal' iere nokulima nzulu,—
 Neenkozo zonokhondo nezonocuphe;
 Thetha ngomgquba nangothuvi bentaka;
 Thetha Lawundini! Uthethe wophele!
 Kud' eNgxondoreni! kukud' eDiphini!

Bhota Mcebisi! Mfana wakwaMbona,—
 Ndifikil' eTheko kokaTomsana,—
 Sanetheko laseTheko ngelo theko.
 Bamba zime nto kaMaqanda!
 Bamba zime nto kaMji!
 Hay' ke beth' amathol' amaRanuga,
 Asibaf' ukubamb' inkwa-nenkwa,—
 Ndingakushiya nganto kaMjamba nokaMsi,
 Thetha Lawundini! Uthethe wophele!
 Kud' eNgxondoreni! Kukud' eDiphini!

Bhota Mcebisi! Mtshana kwaDlangamandla,
 Mbol' izazobe mbol' irini-rini;
 Gwangqa laseMgwangq' elondliwa kwaGambu,
 Phakathi kweNcambele-neNcambelana;
 Thetha ngeenkomo neegusha zohlobo;
 Ungazishiy' iHantom silahl' izigxuda;
 Ze sekusal' isikrokro sibe sinye,
 G

Sokungabi nadlelo namhlaba.

Thetha Lawundini! Uthethe wophele!

Kud' eNgxondoreni! Kukud' eDiphini!

Bhota Mcebisi! Gosa Bhungeni!

Nov' izavece zomsobo-sobo.

Sithini-n' ukuty' imifuno singamadoda nje?

Sithini-n' ukuhamb' emva kweenkuku?

Sithini-n' ukulandel' iihangukazi?

Sithini-n' ukumb' imigushe ngokwamakhwenkwe?

Nokuty' imifuno ngokwabafazi?

Ndifung' uNozingqi! Ndancama Langa!

Thetha Lawundini! Uthethe wophele,—

UKud' eNgxondoreni! Kukud' eDiphini!

Bhota Mcebisi! Mfo kaSigezenga;

Wayekela! Wayekela mfo wakwaMajola!

Aba bant' amaMpondo, kok' andizibon' iimpondo;

Aba bant' amaBhaca mabayek' ukubhaca;

Nani maZulu yekan' uRiksha!

Phezan' ukubang' ubuhashe nobuntu.

Wayekela! Wayekela mfo wakwaDosini!

Nants' imfazwe yomntu nendlala!

Thetha Lawundini! Uthethe wophele!

Kukude kwaMdange asiyi kufika!

Bhota ke Mcebisi kwekwan' akokwethu!

Ndilapho nje ndikummango wokuvala.

Xa zilaph' iinto zoBhene noNevile,—

Wena k' unguNonca—ngesiduli;

Wena k' unguNca—mgubasini;

Woman' ukuvel' usixelela,—

Sangqingwana sakokwethu saKomkhulu;

Le Afrika ngok' ifun' izangqingqana;

Hlab' umkhosi uye kuma ngeTanganyika;

Kuthw' aph' amathang' angangentaba.

Thetha Lawundini! Uthethe wophele!

Kukude kwaMdange—kukud' eDiphini!

Ncincilili!!!

UMKHOSI WEMIDAKA II

"Igwala malithi: Ndiligora:" (Joweli 3: 10).

*Amagora eMendi athi kanti akafanga, avale izibuko
ukuze kungaze kungene nasiphi-na isigebenga eNgilane, siye
kwenzakalisa uKumkani weBhritani.*

*Izigebenga esibini, kutsha nje, zenze ngamandla azo onke,
ukuba zivele iEnglish Channel ziye kuhlasela umthombo
weBhritani Enkulu,—avala apho amaAfrika, uHitler nempi
yakhe batsho badla uthuli ngokweenyoka. Namhla bazama
ukuphenukela ngaseAfrika yethu,—ngoko ke:—*

Ayephi-na! Ayephi-na!!

Ayephi-n' awakowethu?

Zemk' iinkomo magwalandini!

Sipheth' iintong' ezibugqi!

Zitsho shushu ezaseMoyeni,

Zinemililo nemibane,

Ziduduma zigqekreza;

Midondosholo yeAfrika,—

SingamaBhritani thina,—

SingamaBhritani!!

Phindela kwakhona!

Phindela kwakhona!

Biz' amagor' ezilalini;

Biz' amagor' ezilokishini;

Bangasali ngemv' abeBhulasi;
 Ingom' amadod' ifikile,—
 Ivunywa ngekrwana nentshuntshe,
 Ivunywa ngekhakha negazi
 SingamaBhritani thina,—
 Ngenene singamaBhritani!

Wayekela! Wayekela!
 Wayekela Lawundini!!
 Mdak' omnyam' olal' esingeni;
 Mdak' omnyam' onezinja zawo;
 Gqira lendlela nguQongqothwane.
 Sowel' iGqili siwel' iLigwa,
 Siwel' iLimpompo nomZambezi,
 Simdle luhlaz' umSoleni:
 SingamaBhritani thina,—
 SingamaBhritani okwenene!

Phakathi phambili!
 Phakathi phambili!!
 Mathol' ezala-kulandelwa,
 Nokhulul' amaFiji,
 Nihlangul' amaGala;
 Ninned' amaBhasiniya;
 Niwajij' amaMjiji,—
 SingamaBhritani man,—
 SingamaBhritani ephetele!

Ifikil' ingom' amadoda!
 Soyivuma ngemihlali,
 Siqabel' iintaba zeMatopo;
 Siqabel' iintaba zamaKhenya,
 NezeSikhalima njalo,
 Siyivuma ngemincili;

Ingom' ebhombo nonganda-nganda;
 Ingom' esinandile neruluwa.

Hambani makwedini!
 Zenibuye kamsinya!
 Kuba nasekhaya kukh' amaGqubusha.
 Nibuye nexhoba lomhlaba;
 Ningalishiy' eleenkomo;
 Nibuye nodumo nozuko;;
 Nibuye noloyis' oluhle;
 SingamaBhritani thina,
 Mabandl' angatshonelwa langa.
 Ndee ncincilili!

Ndee ntshobololo!!!

"UMTHETHELI WABANTU"

EPark Station, eJohannesburg, ungathi ufikile khona nangayiphi-na imini, ufike kukho isiqololwane sendoda, eNtundu, ehla inyuka nestishi esi, iphethe amaphepha o" Mthetheli", ihamba idumzela, ngokuwakalayo phofu, isithi,—"UM-THE-THE-LI-I-I WA-BA-NTU!!!"

Thenga ke wena kuyo iphepha elo ngalo tikana yakho, uza kufumana izinto ezintsha, esiya kuba luncedo kuwe, nakwizihlobo zakho, nakubantu bakowenu: Kwa khona,— nokuba uye phi-na kweli leAfrika eseZantsi, uya kudibana noMthetheli emi phakathi kwiziqhu zabantu,

Abakhulu nabaphantsi,
 Abahle nabaNomdintsi;
 Abebala lamanantsi;
 NaboHlanga Lwamanantsi,
 Evuthuza ngokwegutsi,—
 Ebatyisa amagontsi.

Ngakho oko ke, ngayo le migca, makanikwe imbeko emfaneleyo :

Thetha *Mthetheli waBantu*,—
 Ide iv' intsapho kaNtu !
 Izwe lilizwe ngeendaba,
 Ingabi mangaba-ngaba ;
 Izwe lima ngenyaniso,
 Ingabi ngamaqashiso ;
 Izwe lima ngokhanyiso
 Ingabi malinganiso !
 Shu—bethu !

Hamba *Mthetheli waBantu*,—
 Ilandel' intsapho kaNtu !
 Thina kweli lakwaZulu,
 Uza nemfundis' enzulu ;
 Usityis' amabhumbulu,
 Asiphilisa kakhulu,
 Uya wondl' umzi kaZulu,
 Nangeendaba zaPhezulu !
 Shu—bethu !

Qhuba *Mthetheli waBantu*,
 Nok' inzim' intsapho kaNtu,
 Thin' apha ngaseButswana,
 Uvuyisa nabantwana
 Uthandwa lufazazana,
 Kwakunye namadodana ;
 Ufunwa ngamaxhegwana,
 Kunye namaxhegwazana.
 Shu—bethu !

Zama *Mthetheli waBantu*,—
 Id' ivuk' intsapho kaNtu !
 Thina mpi yaseSwazini,
 Sikubon' uselundini !
 Kuthethwa ngaw' ezindlini,
 Akusemntu wasemzini.
 Ufundis' izinto zendili,
 Kwanendlel' ey' ezulwini.
 Shu—bethu !

Linga *Mthetheli waBantu*,
 Id' ifund' intsapho kaNtu ;
 Kuthi mzi waseLusuthu,
 Unodab' oluluncuthu.
 Akufung' onk' amasuthu :
 Atsho ngoncum' oluquthu,
 Wakutsho ngezisiSuthu,
 Sabantwana bolo thuthu.
 Shu—bethu !

Yiza *Mthetheli waBantu*,—
 Iyavum' intsapho kaNtu,
 Thin' aph' emaXhoseni,
 Sikufak' ezingomeni ;
 Sikufak' ezikolweni ;
 Sikufak' ekulimeni ;
 Sikufak' ezinkonzweni ;
 Sitsho shush' epulpithini !
 Shu—bethu !

Buya *Mthetheli waBantu*,
 Buya nosapho lukaNtu !
 Mayibuye iAfrika,—
 Ingabi sajikajika.

Sakuthanda usafika ;
 Nanamhla ngath' usafika ;
 Ithamsanqa liya fika.—
 " 'Sikelela iAfrika ! "
 Sh—sh—shu—bethu ! ! !

UMNGA

" *Ezintweni Zonke Bulelani* " (*I Tes. 5 : 18*).

Ndazalwa ngenyanga yoMnga,
 Inyang' edume ngelanga ;
 Ngumth' omhle kunene uMnga,
 Nonezimbo zokulunga,
 Enkosi Somandla Mhlekaz' okulunga,
 Ngokuthi kwindalo, usidalelel' uMnga.

MaXhosa nisawazi-na ?
 Nina baMbo nithini-na ?
 Kodwa nisakhumbula na ?
 Ngemihla yaphambilana ?
 Enkosi Somandla Mhlekaz' okulunga,
 Ngokuthi kwindalo, usidalel' uMnga.

Benisity' iingcambu zawo ;
 Niwatye nameva awo ;
 Nisayazi-na inxoxi,—
 Xa kungekho namxoxozi ?
 Enkosi Somandla Mhlekaz' okulunga,
 Ngokuthi kwindalo, usidalel' uMnga.

Besitshaya namagqabi,
 Ngezo mini zamadabi ;
 Sitsho ngamalahl' ashushu ;

Ngeemini ezingeshushu ;
 Enkosi Somandla Mhlekaz' okulunga,
 Ngokuthi kwindalo, usabele uMnga.

Ewe namaQheya phofu,
 Ebezenzela ikofu,
 Ngezoo nkozi zakho zintle,
 Zikwimidumba emihle,
 Enkosi Somandla, Mhlekaz' okulunga,
 Ngokuthi kwindalo, usidalele uMnga.

Ezo ntyatyambo zimthubi,
 Zithi qhokro ngokomthubi
 Ath' umntu " Phay' esingeni ! "
 Atsh' engqet' engangeni.
 Enkosi Somandla, Mhlekaz' okulunga,
 Ngokuthi kwindalo usinik' uMnga.

Ivumba lezo ntyatyambo,
 Liphilisa neendyandyambo ;
 Ufik' esezel' umhambi.
 Nomkhuhlane ungambambi.
 Enkosi Somandla, Mhlekaz' okulunga,
 Ngokuthi kwindalo usidalel' uMnga.

Ningayilibal' intlaka !
 Engatywa nazintaka !
 Kodw' iphambili kwiimfene,
 Zitsho zibe namafeke ;
 Enkosi Somandla, Mhlekaz' okulunga,
 Ngokuthi kwindalo, usingangis' uMnga.

Ngezi mini zokulima,
 Iinkawu kwanamakhwenkwe
 Azihlahla zinokhwekhwe ;
 Kodywidwana ngaloo ntlaka,

Kuboniselwe ngeentaka ;
 Enkosi Somandla, Mhleka' okulunga,
 Ngokuthi kwindalo, usidalel' uMnga.

Ngezi mini zokulima,
 Ukuba zinobunzima ;
 Indod' ihlahl' esingeni,—
 Sisivundi ebuzweni :
 Enkosi Somandla, Mhleka' okulunga,—
 Ngokuthi kwindalo, usiphawulel' uMnga.

Umth' omthunz' uyolileyo,
 Ngemin' ezingabandiyo,
 Umth' ochumisa umhlaba,—
 Kuba luhlobo lomdumba,
 Enkosi Somandla, Mhleka' okulunga,—
 Ngokuthi kwindalo, usabele uMnga.

Ndingaze ndiwufeze-na ?
 Ofezela ngofezela ?
 Lomth' udaliwe nguThixo,
 Wasigcinel' isitshixo,
 Enkosi Somandla, Mhleka' okulunga,—
 Ngokuthi kwindalo, wenz' ingxeb' uMnga.

Buzisa koQongqothwane,
 Xa bangenasathuthwane ;
 KwiiNtonjane noKrukseshe,
 KwanamaQongqolokoshe.
 Enkosi Somandla, Mhleka' okulunga,—
 Ngokuthi kwindalo, usiphawulel' uMnga.

Wena ke wenz' ukungcola,
 Ngalo mth' unje ukuzola ;
 Woba msulwa kangaphi-na

Oko ukwenzelani-na ?
 Enkosi Somandla, Mhleka' okulunga,—
 Ngokuthi kwindalo, wenz' icebo loMnga.
 Ndizelwe ngenyanga yoMnga ;
 Ngoko ndiya zidla ngoMnga ;
 Akwaba ndinganjengawo,—
 Ngezimbo nangeziqhamo.
 Enkosi Somandla, Mhleka' okulunga,
 Ngokuthi kwindalo, usihlomlel' uMnga.

UPHUNGU-PHUNGU

Phungu-phungu phungu-phungu !
 Ziph' iinkomo zakowethu ?
 Phungu-phungu phungu-phungu !
 Aph' amathol' akowethu ?

"Ndee gxaa ngapha, ndee gxaa ngapha,—
 "Ndee gxaa ngapha nangapha ;
 "Ndee qu ngapha, ndee qu ngapha ;
 "Ndee qu ngapha, nangaphayaaa."

Misa, misa phungu-phungu !
 Misa sazi sakowethu ;
 Sukusivis' ubuhlungu,
 Ziphi-n' iinto zakowethu ?

Ngezoo mini sasidlala
 Sasinyela nje iintambo,
 Zesona sibhadlalala,
 Sityhutyhe yonk' imithambo.

Silahlekwe naziinkosi ;
 Salahlekwa yimihlaba ;
 Sihamba phantsi kweengozi ;
 Ubuntu baba lingcwaba.

Yalahleka nenyano ;
 Sekuhonjwa ngamahlazo ;
 Sakhulelwa yinkohliso ,—
 Yabutha nemikhwahlazo.

Ubuxoki busamele,
 Inene isadalele ;
 Ikratshi liphumelele
 Nomona usongamele.

Ulahlekil' umlisela !
 Kwanoyise kwanonina ;
 Ulahlekil' umthinjana !
 Kwalahleka nabantwana.

Phungu-phungu phungu-phungu !
 Ndithi naw' uxakekile ;
 Nawe uyaziv' iintlungu !
 Namhla kunyembelele.

KumDali masijongise,
 Thina sonke kunye nawe ;
 Izimilo silungise,
 Ngelo Tshawe lamaTshawe.

UJUJUJU KWELAKWA NYAWUZA !

“ Basela Wili !!! ”

Yangena kwelamaMpondo
 Inqwel' akowethu kwaNgqika !
 Namhla zelugcinwe usapho,
 Kugcinwe intombi nonina ;
 Yinqwelo enomkhukula
 Ethanda kugcinw' amakhaya.

Yangena kwelakwa Ngqungqushu
 Inqwelo yakwaRara'e !
 Ilandel' uFithol' umnta kaSandile,
 Inkosikazi yasesiHlonyaneni.
 Eli Bhulu uBhota maliqondwe,
 Lihleli phezu kwezithethe.

Yangena kwa Hlambangobu'ende,
 Inqwel' akowethu kwaLwaganda !
 Ngu“ Jujuju ” igama layo,
 Ngu“ Maqeg' amdak' ” elibizwa ziimbongi ;
 Umbaseli lowo nguWili,
 Inxam yentlalo ziiTikiti.

Wangena kwizwe lakwaFaku
 UKhaph' abemkayo, eze nabezayo !
 Ilizwe ngoku lingqongana
 Vuyani nibe nibhekabheka ;
 Eli likrel' elintlangothi-mbini.
 Linceda ngenxenywe, ligwaze ngenxenywe.

Yangen' inqwel' emlilo maMpondo !
 Kunje-nje-nje-nje ke kunjalo,
 Iwel' iNciba yadla kumaGcaleka ;
 Iwel' umBashe yadla ku'baThembu ;
 Namhl' iwel' uMthath' iza kudla nina ;
 Nakun' iyegqith' iya kudla kwaZulu.

Yangena Nyawuz' okad' akhile !
 Kha nikhangal' emkhondweni wayo
 Nobon' u'ba kuhle, no'on' u'ba kubi.
 Mna ngelam ndithi namhla, “ Vukani ! ”
 Lo mlozi kaJujuj' uthi, “ Vukani ! ”
 Izinto zonke namhla zithi, “ Vukani ! ”
 Ncincilili !!!

UPROFESA C. M. DOKE

Aa! Ngqingqel' iilwimi!
 Zembe sangqingqana,
 Uye wabeth' eGoso,—
 Waye wabeth' eGuthura.
 Thol' loManeli loMfundisi,
 Umahlal' emithonjeni yempilo.
 Emithonjeni yolwazi nengqondo,
 Kub' uhlal' eziDyunivesithi,
 Apho kusel' ucwambu lwesizwe;
 Khon' apho kusel' uluhle lohlanga.
 Mbethelen' ingqongqo ma-Afrikakazi,
 Ngunanko, nanko min' angayi khona!
 Nanko maFiji nanko maNyanja,
 Nanko baNgoni nanko baVenda!
 Uhlalelel' amabatha namakhwiniba;
 Uhlalelel' intsente namajingxeba;
 Nanko baRotse nani Mandebele,
 Ubengundanis' uZulu noSuthu,—
 Kulok' uSuth' watyho'boza ezantsi.
 Wambel' isinqe ukuya kuTshwana,
 Wathath' umHlambeli noMakololo,
 Waya wadiba kwasemaTshona.
 Taru mfondini! Taru nzwan' enkulu,
 Inzwan' enkul' enconywe yanconywa,
 Yada yanconywa nangabasetyhini.
 Nzwan' enkulu edl' umphokoqo nomphothulo.
 Khon' ukuze ibe neqeqe nengxeba.
 Aa! Zembe sangqingqana.
 Igam' elibizwa yiMbongi!
 Aa! Gqotha-gqoth' intetho!
 Igam' elibizwa ngasemva!

Ude wamthath' uXhosa noZulu,
 Kok' uXhos' usuke watyho'boza.
 Kalok' oluny' unyawo luschlathini,
 Ungabon' olo ngathi lusekhaya.
 Ungabuza kokaBhene wokuxelela,
 Kuba lo kaBhen' uzalelwe khona,
 Lithole lomthonyama kuloJingqi.
 Awu! Hayi mfondini kaDyokhwe!
 Umz' unxamel' ukuwuxakekisa!
 Uwubophe ngedyokhw' ongayaziyo!
 Yiva kokaPlaatje uya kukhalazela,
 OkaPlaatje sitheth' uTshekiso.
 Uthi kowab' iilwimi zisawa ngokuwa,
 Kowabo ke kukwelabaTshwana.
 AbaPedi kha uphind' ubazingele.
 Bath' abazani bona nabaRolweni.
 Yihlelel' ezants' asikeva mfo kaDukwe!
 Bath' uNongadl' unxamel' ukunama-nama,
 UNongadlela nguHendisini kaSoga,
 Hlelel' ezantsi mfo kaDukwe!
 Abo boMbindi baya teketa,
 Abo baseMbo baya tshefula,
 Hlelel' ezantsi kwabakwaNgconde!
 Hlelel' ezantsi kwaButsolo-bentonga!
 Kulaph' ungath' ufuman' amadoda.
 Kha uphendule mfo kaDube,—
 Langalibalele kaMafukuzela,
 Kha uphendule mfo kaFuba kaZibi,
 Uya theth' umfana kaDyokhwe.
 Uth' iintetho mazidibane,
 Ziphonongw' amabatha namakhwiniba,
 AmaSwahili sel' ekuy' engxoweni.

AbakwaZulu sebekwangaphakathi.
 Mandikushiy' apho kwedini kaDyokhwe!
 Mgawuli wezint' ezisemeveni;
 Mahlahl' iintsunguzi zobudenge;
 Ehombis' iAfrika ngemixhaga,
 Ngamanquma, neentshinga, nezambalo.
 Taru mfo kaMfundisi!

Ncincili i!!!

The Non-European Library Service
 Transvaal
 P. O. Box 397,
 Pretoria.
 0001

Printed by
 The Lovedale Press